



IBANGA

1

ISIKHOKELO  
SIKATITSHALA

# Platinum

Masikhanyise

P. B. Duda-Qase • M. I. Muluse • M.N. Lahle

## **Platinum Masikhanyise Ibanga 1 Incwadi Katitshala**

Maskew Miller Learning  
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2025

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenye yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, igcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneke kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna imvume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenye yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: [rightsgranting@mml.co.za](mailto:rightsgranting@mml.co.za). Ukuxela ukophulwa kwamalungelo, nceda uthumele i-imeyile ku: [copyright@mml.co.za](mailto:copyright@mml.co.za).

ISBN 978-1-779-83219-1  
ePDF ISBN 978-1-779-83254-2

Umpapashi nguSheila Xaba  
Umhleli olawulayo nguKuhle Sentwa  
Yahlelwa nguNombeko Zimema  
Umphandle wencwadi uyilwe yiMML Visual Design  
Umfanekiso wekhava yiMML  
iNcwadi iyilwe yiMML Visual Design  
Imifanekiso yiMML  
uMdibanisi wonobumba abaza kushicilelwa yi-The Icon Agency  
Ishicilelwe ngu

# Isalathiso

<b>Titshala othandekayo</b> . . . . .	<b>1</b>
<b>Icandelo A: Intshayelelo</b> . . . . .	<b>2</b>
<b>Ukusetyenziswa kongcelele lwezifundo</b> . . . . .	<b>2</b>
Ukwahluka, ukulingana kunye nokubandakanywa. . . . .	2
Iintlobo zeyantlukwano . . . . .	3
Ukuyila iklasi ebandakanyayo neyahlukeyo. . . . .	4
Iyantlukwano egumbini lokufundela . . . . .	4
Bhiozela ukwahluka komfundi ngamnye. . . . .	5
<b>Ulwimi lwasekhaya lwesiXhosa kwisiGaba esisiSeko</b> . . . . .	<b>6</b>
Ukucinga ngeenkqubo . . . . .	6
Imisebenzi yokuhlola. . . . .	6
Ukuhlola kokufunda . . . . .	8
Ukuhlola njengendlela yokufunda. . . . .	8
Iintlobo zemisebenzi yokuhlola kwisiGaba esisiSeko . . . . .	9
Ukuhlola ukufunda kwisiGaba esisiSeko. . . . .	9
Iindlela zokufundisa ukufunda . . . . .	10
Iindlela yokuchaza ikhowudi ukuguqula unxibelelwano lube ziingcinga . . . . .	10
Iindlela yokujonga- ubize/utsho . . . . .	10
<b>Uhlolo kwisiGaba esisiSeko</b> . . . . .	
Iindlela yolwimi lonke/indlela yamava olwimi . . . . .	11
Ukuphumeza imisebenzi yoPhuhliso loLwimi neZandi kwisiGaba esisiSeko. . . . .	22
Ukuguqula iikhowudi . . . . .	23
Ukuqonda kunye nokuphendula . . . . .	23
Izibonelelo zophuhliso lolwimi. . . . .	24
Ukuqonda isimboli kanobumba neyeni . . . . .	27
Imisebenzi yezandi . . . . .	27
Umxube woonobumba . . . . .	30
Iintlobo zemisebenzi yokufunda . . . . .	30
Inkxaso eyongezelelweyo. . . . .	32
Imisebenzi yokwahlula . . . . .	32
<b>Umsebenzi wokuhlaziya</b> . . . . .	<b>32</b>
Ulwandiso lomsebenzi. . . . .	34
Ukuhlola okukhawulezayo kwabafundi abaqonda ngokwahlukileyo . . . . .	34
Iindlela yoqhelaniso nokufundisa. . . . .	35
Ulawulo olusebenzayo lwezifundo. . . . .	35
Impilo ngokwengqondo nangokweemvakalelo. . . . .	36
Ulawulo lwamaGumbi lokuFundela . . . . .	37
Ukuxhasa Iindlela Ezahlukeneyo Zokufunda . . . . .	38
<b>Icandelo B: Izicwangciso zeekota</b> . . . . .	<b>40</b>
<b>IKOTA 1</b> . . . . .	<b>40</b>
<b>Isicwangciso sekota 1</b> . . . . .	<b>40</b>
<b>Iveki 1: Umxholo: Mna</b> . . . . .	<b>46</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	46
Umsebenzi womfundi . . . . .	50
<b>Iveki 2 Umxholo: Izinto Endikwazi Ukuzenza</b> . . . . .	<b>52</b>

Isicwangciso sokufundisa . . . . .	53
Umsebenzi womfundi . . . . .	57
<b>Iveki 3 Umxholo: Esikolweni . . . . .</b>	<b>59</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	60
Umsebenzi womfundi . . . . .	64
<b>Iveki 4 Umxholo: Imithetho nezinto ezenziwa kwigumbi lokufundela. . . . .</b>	<b>66</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	66
Umsebenzi womfundi . . . . .	71
<b>Iveki 5: Indlela zokuphila ezisempilweni . . . . .</b>	<b>73</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	74
Umsebenzi womfundi . . . . .	77
<b>Iveki 6: Ukuhlamba imizimba yethu . . . . .</b>	<b>79</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	80
Umsebenzi womfundi . . . . .	84
<b>Iveki 7: Imozulu . . . . .</b>	<b>85</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	85
Umsebenzi womfundi . . . . .	90
<b>Iveki 8: Imozulu nathi . . . . .</b>	<b>91</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	92
Umsebenzi womfundi . . . . .	98
<b>Iveki 9: Iintsuku ezikhethekileyo. . . . .</b>	<b>100</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	100
Umsebenzi womfundi . . . . .	104
<b>Iveki 10: Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo . . . . .</b>	<b>106</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	107
Umsebenzi womfundi . . . . .	111
Iphepha lomsebenzi . . . . .	112-117
<b>IKOTA 2. . . . .</b>	<b>118</b>
<b>Isicwangciso sekota 2. . . . .</b>	<b>118</b>
<b>Iveki 1: Usapho lwam . . . . .</b>	<b>122</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	123
Umsebenzi womfundi . . . . .	125
<b>Iveki 2: Amalungu osapho lwam . . . . .</b>	<b>127</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	127
Umsebenzi womfundi . . . . .	130
<b>Iveki 3: Ukhuseleko emakhaya . . . . .</b>	<b>132</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	132
Umsebenzi womfundi . . . . .	135
<b>Iveki 4: Ukhuseleko ekhaya uwedwa. . . . .</b>	<b>137</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	137
Umsebenzi womfundi . . . . .	139
<b>Iveki 5: Umzimba wam . . . . .</b>	<b>142</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	142
Umsebenzi womfundi . . . . .	145
<b>Iveki 6: Amalungu ahlukileyo omzimba wam. . . . .</b>	<b>147</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	147

Umsebenzi womfundi . . . . .	150
<b>Iveki 7: Ukugcina umzimba wam ukhuselekile.</b> . . . . .	<b>152</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	152
Umsebenzi womfundi . . . . .	155
<b>Iveki 8: Uvakalelo lokuthi ‘Ewe’ nokuthi ‘Hayi’</b> . . . . .	<b>157</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	157
Umsebenzi womfundi . . . . .	161
<b>Iveki 9: Iintsuku ezikhethekileyo.</b> . . . . .	<b>163</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	163
Umsebenzi womfundi . . . . .	166
<b>Iveki 10: Umxholo: Iintsuku esizibhiyozelayo.</b> . . . . .	<b>168</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	168
Umsebenzi womfundi . . . . .	171
Iphepha lomsebenzi . . . . .	172-177
<b>IKOTA 3.</b> . . . . .	<b>178</b>
<b>Isicwangciso sekota 3.</b> . . . . .	<b>178</b>
<b>Iveki 1: Uluntu lwasekuhlaleni</b> . . . . .	<b>183</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	184
Umsebenzi womfundi . . . . .	187
<b>Iveki 2: Ukujongana namaziko oncedo.</b> . . . . .	<b>189</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	189
Umsebenzi womfundi . . . . .	194
<b>Iveki 3: Izilwanyana ezifuywayo</b> . . . . .	<b>196</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	196
Umsebenzi womfundi . . . . .	199
<b>Iveki 4: Ukukhathalela izilwanyana emakhaya</b> . . . . .	<b>202</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	202
Umsebenzi womfundi . . . . .	206
<b>Iveki 5: Ukuhlonipha noxanduva</b> . . . . .	<b>208</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	208
Umsebenzi womfundi . . . . .	212
<b>Iveki 6: Ukuthembeka nokunyaniseka</b> . . . . .	<b>214</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	214
Umsebenzi womfundi . . . . .	218
<b>Iveki 7: Izityalo nembewu.</b> . . . . .	<b>221</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	221
<b>Iveki 8: Inkangeleko yezityalo</b> . . . . .	<b>226</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	226
<b>Iveki 9: Ukutya.</b> . . . . .	<b>232</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	232
Umsebenzi womfundi . . . . .	235
<b>Iveki 10: Iintsuku zeenkolo nezinye ezikhethekileyo</b> . . . . .	<b>237</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	237
Umsebenzi womfundi . . . . .	240
Iphepha lomsebenzi . . . . .	141-147
<b>IKOTA 4.</b> . . . . .	<b>248</b>

## Icandelo A

<b>Isicwangciso sekota 4 . . . . .</b>	<b>248</b>
<b>Iveki 1: Amakhaya . . . . .</b>	<b>251</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	253
Umsebenzi womfundi . . . . .	260
<b>Iveki 2: Imisebenzi yemihla ngemihla . . . . .</b>	<b>261</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	261
Umsebenzi womfundi . . . . .	268
<b>Iveki 3: Usapho lwam . . . . .</b>	<b>269</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	269
Umsebenzi womfundi . . . . .	273
<b>Iveki 4: Imo yezulu . . . . .</b>	<b>275</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	275
Umsebenzi womfundi . . . . .	279
<b>Iveki 5: Imbalela . . . . .</b>	<b>281</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	281
Umsebenzi womfundi . . . . .	285
<b>Iveki 6: Ukusebenzisa Amanzi . . . . .</b>	<b>288</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	288
Umsebenzi womfundi . . . . .	293
<b>Iveki 7: Iindlela zokonga Amanzi . . . . .</b>	<b>295</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	295
Umsebenzi womfundi . . . . .	299
<b>Iveki 8: Ukutya okusempilweni . . . . .</b>	<b>301</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	301
Umsebenzi womfundi . . . . .	305
<b>Iveki 9: Usapho lakwaXabanisa . . . . .</b>	<b>307</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	307
Umsebenzi womfundi . . . . .	311
<b>Iveki 10: Iingozi emakhaya . . . . .</b>	<b>313</b>
Isicwangciso sokufundisa . . . . .	313
Umsebenzi womfundi . . . . .	317
Iphepha lomsebenzi . . . . .	318-129
<b>IIMPENDULO . . . . .</b>	<b>330</b>
<b>INCWADI YOKUFUNDA . . . . .</b>	<b>330</b>
<b>INGQOKELELA YEETEKISI . . . . .</b>	<b>338</b>
<b>IINCWADI EZINKULU . . . . .</b>	<b>347</b>

<b>Icandelo C: Ezinye izixhobo ezingaluncedo ekufundiseni . . . . .</b>	<b>355</b>
---	------------

# Titshala othandekayo

Njengoko unyathela eklasini yakho suku ngalunye, awungeni nje kwisithuba esizaliswe ziidesika kunye neencwadi zokufunda. Ungena kwindawo apho ikamva libunjwa khona, kwaye namathuba ezaliseka khona. Unamandla

amangalisayo okukhuthaza, okukhokela, nokukhulisa iinkokeli zexesha elizayo, abavelisi bezinto ezintsha, kunye nabaguquli bezinto. Ngokwabelana ngothando lwakho, wenza okungakumbi kunokufundisa nje; utyala imbewu yobubele, isibindi, intlonipho, kunye no-Buntu ebomini babantwana abancinane.

Siyaqonda ukuba akusoloko kulula. ngenxa yemiceli-mngeni yokufundisa, ingakumbi kwiindawo ezinqongopheleyo izixhobo zokufundisa, ngamanye amaxesha unokuva usonganyelwa usoyiseka bubunzima. Kodwa ngocelo-mngeni ngalunye ojongene nalo, wenza umahluko wokwenene. Ubonisa abafundi bakho ukuba amandla abo akanasiphelo kwaye ayabonwa, axatyisiwe, kwaye uyakwazi ukufezekisa amaphupho abo.

Kungenxa yoko le nto izibonelelo zethu zokufundisa zilapha ukukuxhasa. Ziyilwe ngeenjongo ze-CAPS engqondweni, zijolise ekubandakanyeni nasekudaleni imeko yokufunda apho wonke umntwana angazibona emelwe. Imifanekiso, amabali, kunye nezifundo zibonisa iyantlukwano kwimeko yethu yendawo, ukunceda wonke umfundi azive enemvakalelo yokuba yingxalenye yosapho lwakho egumbini lokufundela.

Kwaye asikulibalanga. Impilo-ntle yakho ibaluleke kanye njengempumelelo yabafundi bakho. Siye sabandakanya izixhobo zokuzinyamekela ukukugcina ukhuthazekile kwaye usempilweni kuba siyazi ukuba xa uziva kamandi, iklasi yakho iyachuma. Ulonwabo lwakho aluphembeleli nje ukufundisa kwakho kodwa nobudlelwane obakhayo nabafundi bakho, abajonge kuwe ngethemba nenkuthazo

Njengokuba uMzantsi Afrika uqhubeka nokuqhubela phambili noMthetho wokuLungiswa koMthetho weMfundo esiSiseko (BELA), otyikitywe waba ngumthetho ngo-2024, umsebenzi wokudala inkqubo yemfundo enobulungisa nebandakanya wonke umntu ukhula ngamandla. Indima yakho kulo msebenzi ibalulekile, kwaye ukuqonda zombini i-CAPS kunye ne-BELA kuqinisekisa ukuba iklasi yakho yindawo apho abafundi balungiselelwe kakuhle impumelelo.

Waziwa ngamandla okutshintsha okuhle, kwaye igalelo olenza eklasini yakho likhulu kunokuba unokuqaphela. Njengoko ufundisa, yazi ukuba awukhokeli nje abafundi bakho; ubumba ikamva leendawo zethu, ilizwe lethu kunye nehlabathi.

Enkosi ngayo yonke into oyenzayo!



# Icandelo A: Intshayelelo

## Ukusetyenziswa kongcelele lwezifundo

Wamkelekile kwiSikhokelo sethu sikaTitshala sesiGaba esisiSeko, isixhobo esixabisekileyo esenzelwe ukuxhasa ootitshala besebenzisa uthotho uthotho lwezifundo zethu kumaBanga 1, 2, no-3, esenziwe ngokunika ingqalelo ngohambo lwakho lokufundisa. Esi sikhokelo sinika ingqiqo esebenzayo kunye nezibonelelo ezijolise ekuphuculeni izicwangciso-qhinga zakho zokufundisa kunye nokutyebisa amava emfundo yabafundi.

Isikhokelo sikaTitshala sePlatinum sinika izikhokelo zeveki. Iveki nganye ihlelwe ngolu hlobo lulandelayo:

- Umxholo, iingcamango kunye nezakhono: Injongo yokufunda ngokubanzi yeveki iboniswa ngokwesilabhasi
- LTSM: Izibonelelo ze-LTSM ezifunekayo kutitshala ukulungiselela ukuqokelela kule veiki zidwelisiwe. Utitshala uyakhuthazwa ukuba aqokelele okanye aphinde asebenzise izinto ezisebenzileyo ngaphambili njengezixhobo zokufundisa ukugcina iindleko ziphantsi kangangoko kunokwenzeka.
- Imisebenzi yokufundisa: Izikhokelo zokufundisa zinikezelwa ngokwesifundo ngasinge ngendlela elula yenyathelo ngenyathelo.
- Uvavanyo/ukuhlola: Utitshala unikwa izikhokelo malunga nendlela yokwenza uvavanyo olungekho sesikweni.
- Imisebenzi kunye neempendulo: Imisebenzi kunye neempendulo zinikiwe.
- Amaphepha okusebenzela afakwe ekupheleni kwikota nganye kwaye ekupheleni kwesi sikhokelo sikaTitshala kukho iirubhriki ezinokusetyenziswa ukuhlola izakhono.
- Inkxaso kubafundi abaneemfuno ezizodwa okanye ubunzima bokufunda: Iingcebiso zinikwa malunga nendlela yokujongana nabafundi abafunda ngokukhawuleza kwaye bafuna ukutyebisa. Ngamanye amaxesha abafundi balwisana neengcamango kwaye bafuna inkxaso yokufunda, ikhosi inika iingcebiso ezahlukeneyo phantsi kwesi sihloko.

Ngenxa yoku, esi sikhokelo sikhuthaza ngakumbi ukucinga nokukhula okuqhubekayo, sikhuthaza imeko yokufunda ngokubambisana apho ootitshala benokuphucula ngokuqhubekayo izakhono zabo zokufundisa kwaye babe negalelo elihle kwimpumelelo yabafundi. Nawe siyakumema ukuba uphicothe esi sikhokelo, unqika kulwazi lwaso kunye nezibonelelo ukuphucula ukusebenza kwakho kokufundisa kwaye udala amava okufunda atshintshayo eklasini yakho. Xa sisonke, masixhobise abafundi bethu ukuba baphumelele kwezifundo nangaphaya.

## Ukwahluka, ukulingana nokubandakanywa

Kweli candelo, singathanda ukuba ucinge ngeklasi yakho. Khawube nomfanekiso-ngqondweni wabantwana abahleli phambi kwakho, ngamnye enebali lakhe, amava nemicelimngeni yakhe. Ngoku, khumbula ixesha apho omnye wabafundi bakho wayenobunzima, mhlawumbi ngengcamango enzima okanye into engaphandle kwesikolo echaphazela ukufunda kwabo. Wenza ntoni ngaloo mzuzu? Wafikelela njani, wabenza baziva bebonwa, waze wabakhokela kuloo ngxaki?

Igumbi lakho lokufundela lizaliswe lolu hlobo lweyantlukwano, kungekho nje kuphela kwimvelaphi kodwa kwiimfuno nakwizakhono. Ilizwe lethu liyaqhubeka lijongene nokungalingani okunzulu, nokuba kukwezoqoqosho, ngokobuhlanga, okanye ngokwezentlalo, kwaye le micelimngeni idla ngokuvela egumbini lakho lokufundela. Ukanti kulapha, kwingcam yeklasi, apho iinguqu zisenzeka khona. Njengomfundisi-ntsapho, udlala indima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukuba umntwana ngamnye unokuphumelela, kungakhathaliseki ukuba bavela phi okanye yiyiphi imiqobo abajongene nayo.

I-CAPS ibeka ukubandakanya kunye nokwahluka kwisiseko sayo. Ayikho nje malunga nokufundisa ikharithyulam kodwa imalunga nokuqaphela amandla akhethekileyo kumfundi ngamnye kunye nokubanceda baphumelele. Siyaqonda ukuba oku akusoloko kulula. Imiceli-mngeni kwizikolo ezininzi iyinyani, kwaye njengotitshala, uhamba phambili ukujongana nayo.

Kungenxa yoko le nto izibonelelo zethu zokufunda nokufundisa zenzelwe ukukuxhasa. Zibonakalisa imeko yasekuhlaleni, zibonisa abafundi ihlabathi abaliqondayo kwimisebenzi, imisetyenzana, kunye neemvavanyo abadibana nazo. Ezi zinto zinika ingqalelo kuluhlu lwamava kunye nezakhono eklasini yakho, zikunika izixhobo zokubandakanya kunye nokuxhasa wonke umfundi, kungakhathaliseki imvelaphi yabo.

Ngokusebenzisa ezi zibonelelo, awufundisi nje umxholo wesifundo, udibana nabafundi bakho apho bakhoyo, uqaphela iingxaki zabo, kwaye ubanceda boyise imiqobo abajongene nayo. Ngokwenza njalo ubumba ikamva eliqaqambileyo kumntwana ngamnye, kuluntu lwakho, nakuMzantsi Afrika.

## Iintlobo zeyantlukwano

Kolu ngecele lwezifundo sigxininisa kwiintlobo ezili-10 eziphambili zeendidi zeyantlukwano, nganye ikhethwe ngononophelo ukuqinisekisa ukumelwa ngokubanzi ukumelwa okubandakanyayo iimpawu ezahlukeneyo, iimbono, kunye namava., iimbono, kunye namava.


### Ukuyila iklassi ebandakanyayo neyahlukileyo

Esi siKhokelo sikaTitshala senzelwe ukunika ingqalelo yokubandakanya, yokwahluka, kunye nokulingana. Sinika izibonelelo ezikuxhasayo ekujileni iindawo zokufunda ezibandakanyayo kunye neenkqubo zokuquka iindidi ezili-10 eziphambili zokwahluka kwiTheyibhile 1 ngasentla.


### Iyantlukwano egumbini lokufundela

Njengomfundisi-ntsapho, indima yakho kukuqinisekisa ukuba iklassi yakho yindawo apho ukufunda, ulonwabo, kunye nokuhlonipha konke kudibana khona! Nazi izicwangciso-qhinga ezili-10 onokuzisebenzisa ukugcina izinto zisonwabisa, zikhuselekile, kwaye zilungile kubafundi bakho:

### Izicwangciso-qhinga 1-5: Ukwakha imeko-bume yeklassi entle nebandakanyayo



## Izicwangciso-qhinga 6-10: Ukukhuthaza intsebenziswano kunye nokubhiyozela iyantlukwano eklasini



### Bhiyozela ukwahluka komfundi ngamnye

Kubalulekile ukuba abafundi bazibone kunye namava abo ahlukene abonakaliswa eklasini. Oku kuthetha ukubonisa iyantlukwano kwimbonakalo yomzimba, iilwimi, iimpawu, iinkcubeko, inkolo, isini, ukuzazi ngokwesini (kubandakanya i-LGBTQ +), ubudala, kunye nezakhono zengqondo. Iincwadi zethu zibonisa abalinganiswa abavela kwiinkalo ezahlukeneyo ukubonisa la mava ahlukene. Sikhetha ngenyameko imifanekiso, umsebenzi wobugcisa, kunye nomxholo omele abantu abahlukeneyo, iindawo ezisingqongileyo, kunye nezinto zokwenene ezenza uMzantsi Afrika nangaphaya.

Sikukhuthaza ukuba wenze okufanayo kwiigumbi lokufundela lakho. Sebenzisa ukubalisa amabali ukuqaqambisa iimvelaphi ezahlukeneyo, ukubonisa imifanekiso yezicwangciso zasemaphandleni nasezidolophini, kwaye uthethe ngabantu abanezakhono ezahlukeneyo zomzimba, ubuchule bokuqonda, kunye nezazisi, kubandakanya i-LGBTQ +. Xoxa ngeenkolo ezahlukeneyo, ubudala, kunye nokwahluka ngokwesini, kwaye uhlolisise iimeko ezahlukeneyo zoqoqosho abafundi bakho abanokudibana nazo. Thatha ixesha lokufundisa malunga noqhagamshelwano lwethu namanye amazwe kunye nabantu kulo lonke elase-Afrika nakwihlabathi liphela. Ngokwenza oku, unceda wonke umfundi azive ebonwa, exabisekile, kwaye eyinxalenye yoluntu olukhulu lwehlabathi.

## Ulwimi lwasekhaya lwesiXhosa kwisiGaba esisiSeko

### Ukucinga ngeenkqubo

Iinkqubo zenziwe ngezinto ezahlukeneyo ezisebenza kunye ukufezekisa into. Kwigumbi lakho lokufundela, inkqubo isenokuba yindlela abafundi abalandela ngayo imithetho, indlela abafunda ngayo kuwe, okanye indlela abadlala nababelana ngayo. Iinkqubo nazo zikhona kwiintsapho nasekuhlaleni, apho abantu baxhasa kwaye basebenze kunye.

Ukuqonda iinkqubo kunceda abafundi babone indlela izinto ezahlukeneyo, njengabantu, iindawo, kunye nemithetho, abanxibelelana nabasebenzisana ngayo. Ezi zizakhono eziphambili zokwakha ukucinga nzulu, kwaye kunokuqala kwangethuba ngokusebenzisa amava abafundi ngokwabo.

Kwiincwadi zethu zesiGaba esisiSeko, sazisa iinkqubo zokucinga ngokubonisa iimeko ezahlukeneyo zokuphila, iinyani zentlalo, kunye nabantu abahlukahlukeneyo. Oku kubandakanya iingcamango ezifana noUBuntu kwaye zimele abafundi beentlanga ezahlukeneyo, isini, kunye nezakhiwo zentsapho, zikunika indlela yokwazisa abafundi kwiingcinga ezintsonkothileyo. Nantsi eminye imisebenzi elula yokunceda abafundi bakho bacinge ngeenkqubo:

Isimilo esihle	Indawo yokuhlala	Indlela yokufunda
Xoxa ngezinto abafundi abakholelwa ukuba zisimilo esihle kwiindawo ezifana nesikolo, ipaki, okanye ikhaya. Phonononga ukuba bazifunde njani ezi ndlela zokuziphatha kunye nokuba zeziphi iinqobo ezisemgangathweni (iinkqubo zeenkolelo) abanazo.	Cela abafundi bathethe ngobomi basefama xa bethlekiswa nedolophu okanye isixeko. Babuze ukuba kutheni la mava enokwahluka (iinkqubo zokuhlaliswa kwabantu)	Khuthaza abafundi ukuba bacinge ngendlela abalufumana ngayo ulwazi, nokuba luvela kusapho, kubahlobo, ezincwadini, kwi-intanethi okanye esikolweni. Xoxa ngendlela ababelana ngayo ngolwazi olufanayo (iinkqubo zolwazi nezemfundo)

### Imisebenzi yokuhlola

Ukuhlola kuquka iindlela ezahlukeneyo zokulinganisa inkqubela nokuqonda kwabafundi. Uvavanyo rhoqo lukunceda ubone indlela abafundi abaziqonda kakuhle ngayo iingcamango kwaye basebenzise izakhono zabo. KwisiGaba esisiSeko, ukuhlola okuqhubekayo kuvumela ukubekwa esweni okuqhubekayo kwenkqubela phambili yabafundi kunye nokusebenza kokufundisa. Oku kukunceda ukwazi ukuvavanya iindlela zakho zokufundisa kunye nokukhula kwabafundi, kukunceda wenze izigqibo zokufundisa zemihla ngemihla eziqiqiweyo.

**Ukuhlola kokufunda** kudityaniswe ngokwemvelo kwinkqubo yakho yokufundisa, apho iindlela zokuzonwabisa, ezibandakanyayo, kunye nendlela zokuxhasa zikhuthaza ukuthatha inxaxheba okusebenzayo kubafundi. Inceda ukuchonga apho abafundi bafuna inkxaso engakumbi kwaye kukukhokelela kwiindlela ezifanelekileyo zokufundisa ukuze ukwazi ukuhlangabezana neemfuno zabo. Imisebenzi kufuneka ivavanywe ngokungekho sikweni ngexesha lezifundo zemihla ngemihla.

<p><b>Qwalasela ngexesha kusenziwa imisebenzi</b> Jonga indlela abafundi abayivelela ngayo imisebenzi uze ubuze imibuzo ekhokelayo ukuze ubaxhase.</p>	<p><b>Ncoma ugxeke</b> Qwalasela ngokukhawuleza ingqiqo emva kwesifundo usebenzisa ukuncoma ukubonisa ukuqonda.</p>	<p><b>Amatikiti okuphuma</b> Abafundi bayazoba okanye babhale into abayifundileyo emva kwesifundo ukubonisa ukuqonda.</p>	<p><b>Ukucinga ngabini nabelane.</b> Umfundi uzicingela eyedwa baze baxoxe ngababini bandule ukwabelana neklasi ukuhlola ukuqonda.</p>
<p><b>Ingxeko yoontanga</b> Abafundi babelana umsebenzi nabanye eklasinibaze banike ingxelo eyakhayo becinga ngomsebenzi wabo.</p>	<p><b>Iijenali zokufunda</b> Abafundi bagcina iijenali zokufundaukuze babhale oko bakufundileyobenika imbonokwinkqubela phambili yabo.</p>	<p><b>Ukubuza ngexesha lokufunda</b> Sebenzisa imibuzo evulelekileyo ukukhuthaza abafundi ukuba bachaze bacinge ingqiqo yabo. Abafundi bacinga ngabodwa, baxoxe nohlobo baze babelane neklasi.</p>	<p><b>Imisebenzi yeqela nemidlalo</b> Ulonwabo imisebenzi yentsebenziswano ikuvumela ukuba uqaphele izakhono ngexesha elililo.</p>

**Ukuhlola njengendlela yokufunda** Kubandakanya abafundi abacinga ngenkqubela yabo, bekhuthazwa ukuba bathathe uxanduva lokufunda kwabo. Ngale nto, baphonononga ngokukhuthaleyo ukuqonda kwabo, okukhuthaza ukufunda okunzulu kunye nokuziqonda.

<p><b>Yazi okufundileyo</b> Abafundi batsho abakwaziyo, abfuna ukukwazize kamva abakufundileyo.</p>	<p><b>Ukumepha iingcamango</b> Abafundi bayilaiimephu ezibonisa abakwaziyo baze bongeze ulwazi olutshanjengoko beqhubeka befunda.</p>	<p><b>Ukuqokelela iingcinga</b> ngokokuza kwazo Vuselelulwazi lwangaphambili ngokwenza abafundi baqokelele iingcinga nezimvo ngokokuza kwazo engqondweni ezihambelana nesihloko.</p>	<p><b>Amatikiti okuphuma</b> Abafundi bachaza indlela ulwazi olutsha lunxibelelana ngayo noko sele bekwazi.</p>
<p><b>Ukugqiba ibali</b> Banike isiqalo sebali abafundi baze baligqibezele besebenzisa ulwazi abasele benalo.</p>	<p><b>Yintoni engekho?</b> Nika iimbono ezingaphelelanga okanye imifanekiso uze uyalele abafundi bavale izikhewu besebenzisa oko sele bekwazi.</p>	<p><b>Iingxoxo ezisebenzisanayo</b> Qala izifundo ngokubuza abafundi banxulumanise amava nolwazi olutsha kolwangaphambili.</p>	<p><b>Iijenali zokufunda</b> Abafundi babuyela umva bacinge ngokweveki indlela ulwazi olunxulumana ngayo noko sele bekwazi.</p>

## Icandelo A

**Ukuhlola kokufunda** lukunika ubungqina bokufezekiswa kwempumelelo yabafundi kwiindawo ezithile ngexesha, kukunceda ulinganise inkqubela ngokubanzi kwaye wenze izigqibo ezinolwazi malunga nenkqubela phambili yabo.

<b>Uvavanyo lokuphela</b> kwekota Uvavanyo olusesikweni lokuhlola ukuqonda umxholo	<b>Imibuzo eyikhwizi</b> Imibuzo emifutshane ukukhangela ukuqondwa kwesifundo	<b>Ukubhalwa kwee- asayinmenti / kwezabelo</b> Imisebenzi yokuhlola ukuqonda ngokubhala	<b>Amaphulo/liprojekthi</b> Imisebenzi yoyilo ukubonisa ulwazi
<b>Iiasayinmenti zokufunda</b> Imisebenzi yokuhlola yomntu ngamnye ukuhlala isantya sokufunda	<b>Imisebenzi ebonisa inkqubo yokufunda</b> Ukusebenzisa ulwazi kwimeko yokwenene	<b>Ipotifoliyo</b> Ingqokelela yomsbenzi ukulandelela inkqubela ngokuhamba kwexesha	<b>Ukwenziwa kwentetho yomlomo- iorali</b> Abafundi banika ulwazi ngomlomo

Uxwebhu lwe-CAPS lunikeza iingcebiso zokuhlola imisebenzi yokufunda kwisiGaba esisiSeko. Umsebenzi ngamnye kufuneka wenziwe ngamacandelo amaninzi ajongene nemiba eyahlukeneyo golwimi.

Imisebenzi yovavanyo/yohlolo inokulungelelaniswa nomsebenzi ogqityezelwayo kwiMathematika nakwiZakhono zoBomi. Olu vavanyo lulandelayo lwemisebenzi yokufunda luyafuneka kwikota nganye.


IBanga	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4	Konke
1	1	1	1	1	4
2	1	1	1	1	4
3	1	1	1	1	4

IBanga	Ikota 1	Ikota 2	Ikota 3	Ikota 4	Konke
1	1	1	1	1	4
2	1	1	1	1	4
3	1	2	1	1	4

Ingxelo yeKharityhulam kaZwelonke (i-NCS) ichaza ulwazi lokufunda nokubhala, ulwazi lokubala, kunye nezakhono zobomi njengeenkalo ezintathu eziphambili kubafundi besiGaba esisiSeko, ekufuneka zivavanywe. ISebe leMfundo libonelela ngeSakhelo seZikhokelo zoVavanyo lwesiGaba esisiSeko ukuxhasa ootitshala ekuphuhliseni nasekuphumezeni izenzo ezilungelelaniswe ne-CAPS. Olu ngecelele lusebenzisa **ithiyori yokuguquguquka** ekuqulunqeni umxholo walo, ukukunceda kunye nabafundi bakho ukuhlangabezana nemigaqo kunye neenjongo zovavanyo ezibekwe yi-NCS.

## Iintlobo zemisebenzi yokuhlola kwisiGaba esisiSeko

ISEbe linika ingqalelo kwiintlobo ezi-4 zokuhlola zesiGaba esisiSeko, ezibhalwe kuxwebhu lweZikhokelo zokuHlola kwi-NKS:



## Ukuhlola ukufunda kwisiGaba esisiSeko

Dibana noLily, umfundi okrelekrele nothanda ukwazi weBanga lesi-3 othanda ukuza esikolweni. Nangona kunjalo, engumntu onolangazelelo, uhlangabezana nocelomngeni phantse kuzo zonke izifundo. Ngexesha lezifundo zolwimi, uLily udla ngokucela ukuya kwindlu yangasese, esoyikela ukuba utitshala wakhe angambiza ukuba afundele iklassi ngokuvakalayo.

Kwizibalo, unengxaki yezibalo zamagama, kunzima ukuwalandela. KwiKhowudi kunye neeRobhothiksi, akakwazi ukuhambisana nemiyalelo ebhaliweyo yemisebenzi, kwaye kwiZakhono zoBomi, uphosa ulwazi olubalulekileyo kuba akakwazi ukufunda isicatshulwa sencwadi yomsebenzi. Kuye kwabacacela ootitshala bakhe ukuba eyona ngxaki ayikho kwizifundo ngokwazo kodwa



kunokwenza nobunzima ekufundeni ngokutyibilikayo. Ngokungabinazo izakhono zokufunda eziluzilima, unobunzima bokuqonda imibuzo, ukulandela imiyalelo, nokufumana ulwazi olutsha kuzo zonke izifundo zakhe.

Xa ucinga ngabakho abantwana eklasini, uya kubona ukuba uLily akakho yedwa. Abafundi abaninzi abaselula eklasini yakho basenokuba bayasokola ukufunda kwinqanaba elilindelekileyo ngokweminyaka yabo. Aba bafundi njengoLily, bahlangabezana nemiceli-mngeni eyahlukeneyo kwizifundo ezahlukeneyo, ingeyonto yokuba abanamdla okanye ubuchule, kodwa kuba bengekaphuhlisi izakhono zokufunda eziyimfuneko ukuze bazibandakanye ngokupheleleyo nomsebenzi wabo. Lo mceli-mngeni uqheleke ukuba uqaqambise ukubaluleka kokubeka phambili uphuhliso lokufunda kwisiGaba esisiSeko, ukuqinisekisa ukuba wonke umfundi ufumana inkxaso ayidingayo ukuze aphumelele.

### Iindlela zokufundisa ukufunda

Indlela nganye kwindlela ezahlukeneyo zokufundisa ukufunda igxininisa umba othile wenkqubo yokufunda. Iindlela ezintathu eziphambili zezi:

- Indlela yokuchaza ikhowudi ukuguqula unxibelelwano lube ziingcinga
- indlela yokujonga uthethe
- Indlela yokufundisa ulwimi ngokuqakayo.

Zonke iindlela zinenjongo efanayo: ukuphuhlisa abafundi abazimeleyo abaqondayo ukuba yintoni abayifundayo kwaye basebenzisa izicwangciso-qhinga ezahlukeneyo zokuqonda amagama angaqhelekanga.

### Indlela yokuchaza ikhowudi ukuguqula unxibelelwano lube ziingcinga

Ukucazulula kuthetha ukwazi ukuba izandi zoonobumba (iifonim) zimelwe njani ngoonobumba (iigrafu), emva koko usebenzisa olu lwazi ukufunda amagama nezivakalisi ngokuchanekileyo ngokutyibilika. Esi sisakhono esibalulekileyo ekufuneka abafundi basifundiswe kwisiGaba esisiSeko kuba sixhasa uphuhliso lolwimi nolwazi lokufunda nokubhala. Imifanekiso yoonobumba (amacwecwe abhaliweyo awohlulwe ngemibala/oonotsheluzi) kufuneka isetyenziswe njengesixhobo senkxaso sokufundisa abafundi indlela yokucazulula amagama nezandi.

### Indlela yokujonga- ubize/utsho

Indlela yokujonga uthethe igxininisa ukuqondwa kwamagama. Indlela ifumana igama layo kwinto eyenziwa ngabafundi: ujonge igama (elihlala libhalwe koonotsheluzi), umamela utitshala elifunda aze alibize ngokuvakalayo njengegama elipheleleyo.

Kwaziswa inani eliqingqiweyo lamagama ngexesha. Abafundi baziqhelanisa namagama bade bawazi kwaye bawabize ngokulula. Athi abe ngamagama ayinxalenye yesigama somfundi samagama alula, baye baziqhelanise nokuwafunda kwiiNcwadi ezilungelelaniswe neBanga ezinamagama asele efundiwe. Indlela yokujonga ubize isoloko isetyenziswa njengenxalenye yenkqubo yokufunda ukwandisa isigama sokubona kwabafundi (amagama aqhelekileyo abanokuwafunda ngokulula).

## Indlela yolwimi lonke/indlela yamava olwimi

Indlela yolwimi lonke igxininisa ukuqonda nokwenza intsingiselo yamagama abhaliweyo. Indlela isebenzisa izicatshulwa ezidlulisa ulwazi kunye/okanye ezibalisa ibali. Neyokuqala, iincwadi zokufunda ezilula zisebenza njengeetekisi zokwenyani.

Abafundi bafunda amacebo okwenza intsingiselo kumagama asephapheni. Ezi zicwangciso zibandakanya ukujonga umfanekiso ukunceda ukwenza uqikelelo olunolwazi malunga negama elingaqhelekanga kunye nokusebenzisa imeko kunye nesakhiwo sezivakalisi ukujonga ukuba uqikelelo lwabo luyavakala. Obunye ubuchule bubandakanya ukufunda ngezandi ezizinzisiweyo, ukuphuhlisa isigama sokubona ngoonotsheluzi, nokufunda nokusebenzisa amagama afanayo kwiimeko ezahlukeneyo.

Ukubuza imibuzo yovavanyo lokuqonda kuvavanya ukuba ingaba abafundi bayiqondile na loo nto bayivileyo nabayifundileyo.

## Iindlela zokufundisa

### Ukufunda kunye notitshala (imizuzu eli-15)

*UkuFunda noTitshala kusebenza njengemodeli yokufunda okuphindaphindwayo.*

*Eyona nto kugxilwa kuyo ayikokunkqaya loo nto ifundwayo, koko kukufunda ngengqiqo ngokutyibilika.*

- Kwale tekisi ibiFundwa noTitshala iza kuphinda isetyenziswe kumxholo sele uwonke. Qho ngemini uphinda ulifunde lonke okanye inxalenye yebali ukunye nabafundi, ngeenjongo zokuphuhlisa ukufunda ngokutyibilika. Imini nganye iza kugxila kumba owahlukileyo wokufunda.

#### 1. Ukulungiselela isifundo

- Zifundele ibali nesigama, ulungise nesigama koonotsheluzi.
- Cela iklasi ihlale emethini uze ke uqalise ukusebenzisa iNcwadi eNkulu ekufundeni **okoku-1**. Xa kufundwa okwesi-2 nokwesi-3 kuza kusetyenziswa Incwadi YokuFunda Yomfundi..

#### 2. Ukuqhelanisa abafundi (umzuzu om-1-2)

*Zama ukufumana ulwazi abanalo abafundi khonukuze uphuhlise isakhono sabo sokuqikelela.*

- Ukuqwalasela imifanekiso (IBanga loku-1): Ngexesha lokuqwalasela imifanekiso, phambi kokufunda okokuqala, utyhila iNcwadi eNkulu ujonge kunye nabafundi imifanekiso ngaphandle kokufunda itekisi. Abafundi bachaza into abacinga ukuba iyenzeka ebalini ngokujonga kumfanekiso ngamnye. Kufuneka ke ningalijongi iphepha lokugqibela. Ngaphambi kokufunda, xoxani ngesigama osilungisele koonotsheluzi. Emva kokufunda, imifanekiso iza kumncedisa umfundi ukuba akwazi ukuphinda alibalise ibali ngamazwi akhe.

#### 3. Gxila kakhulu ekufundeni ngengqiqo (imizuzu eli-15)

*Fundela abafundi itekisi yonke khonukuze bakwazi ukumilisela iingqondo zabo kwintsingiselo.*

- Fundela iklasi ibali lonke. Funda ngesantya esiqhelekileyo. Khomba ngomnwe wakho okanye ngerula igama ngalinye njengokuba ufunda xa usebenzisa iNcwadi eNkulu.
- Xoxani ngemifanekiso njengokuba ufunda, nizame ukuyinxulumanisa nebali kunye nesigama esitsha.
- Buza umbuzo kwiphepha ngalinye ukuze ujonge ukuba bakunye nawe futhi bayaliqonda ibali abafundi.

- Emva kokufunda: buza umbuzo omnye okanye emibini khonukuze ujonge ukuba bayaliqonda na ibali.
  - Pphinda ulifunde kwakhona ibali kanye ungakhange uphumle.
4. **Gxila ekunxulumaniseni izandi noonobumba nesigama (imizuzu eli-15)**
- Qinisekisa ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo leNcwadi YokuFunda Yomfundi..
  - Funda kunye nabafundi iphepha enilikhethileyo. Bacele abafundi ukuba bakujoyine bafunde nabo xa bekwazi.
  - Abafundi balandela emva kwakho ngokuthi bakhombe ngeminwe yabo amagama kwiNcwadi YokuFunda Yomfundi. njengokuba nifunda kunye nje.
  - Emva kokufunda (imizuzu emi-3–5):
    - Gxila ekubeni abafundi basebenzise izakhono zabo abazifundileyo, zokunxulumanisa izandi noonobumba okanye ezo kufuneka zihlaziyiwe, umzekelo, chonga amagama agxile kwisandi esithile; chonga igama elisetyenziswe kakhulu; yahlula igama ngokwamalungu alo okanye ngokwezandi, njl. Khomba amagama ambalwa asetyenziswe kakhulu ukuze bawafunde.
    - Sebenza ke ngoku ngesigama esitsha. Oku kuthetha ukuba kutshatiswa amagama amatsha akoonotsheluzwa kunye nalawo akwitekisi.
5. **Gxilani ekufundeni ngokutyibilika nasekuphenduleni imibuzo (imizuzu eli-15)**
- Qinisekisa ukuba abafundi batyhile kwiphepha elichanekileyo KwiiNcwadi Zabo ZokuFunda. Phinda ufunde kwakhona amaphepha ngesantya esiqhelekileyo baze abafundi nabo bajoyine bafunde nawe. Babonise indlela yokufunda ngokutyibilika, usebenzisa isantya esilungileyo, utshintshatshintsha nelizwi, uqaphela neempawu zokubhala. Funda ngelizwi eliphantsi xa ubona ukuba abafundi bayifunda ngokuchanekileyo itekisi.
  - **Emva kokufunda:**
    - Yalatha nantoni na eza kuphucula ukufunda kakuhle, umzekelo, ukufunda lonke ibinzana, ukunqumama xa ufika kwisingxi, ukufunda amagama aphakathi kweempawu zocaphulo ngendlela eyahlukileyo.
    - Banike ithuba lokuziphendulela ngokukhululekileyo imibuzo emalunga nebali, umzekelo: Nika izimvo zango ngeli bali. Likukhumbuza ntoni? Neminye imibuzo.

*Qaphela: Ukuba lisekhona ixesha, nika abafundi ithuba lokufunda ngababini indawana ethile kwitekisi.*

### ***Abafundi baphinda bafunde itekisi kwakhona ukuze bafunde ngokutyibilika***

*Ukuphindaphindwa kokufunda itekisi yokuFunda noTitshala kunceda abafundi ekuphuhliseni ukufunda kwabo ngokutyibilika nokufunda ngokuthe cwaka.*

Ayafumaneka ke amathuba okuba abafundi baphindaphinde ukufunda itekisi abayiFunda noTitshala eklasini xa likhona ixesha, lokuFunda ngamaQela ngoncedo lukaTitshala ngexesha lomsebenzi.

Ukufunda ngayedwa okanye ngexesha lezifundo zeLitheresi.

## Ukufunda ngababini

- Abafundi bafunda ngababini, benikana amathuba okufunda futhi bexhasana. Babamba ngobunono ingalo yeqabane xa befuna ukuncediswa.

## Ukufunda yedwa

- Abafundi bazifundela amaphepha bebodwa.
- Bafunda ngokuzolileyo, ngokusebeza, okanye ngokuthe cwaka khonukuze bangaphazamisani.
- Umfundi ngamnye ufunda ngesantya sakhe.
- Bakhuthaze ke abafundi ukuba bafunde bethe cwaka.

## Ukufunda okubekelwa ixesha

**Ngoba kutheni?** Ukufunda okubekelwa ixesha kukhulisa ubuchule bokufunda ngokukhawuleza nangendlela echanekileyo. Oku ke kukhokelela ekuphuculeni ukufunda ngengqiqo. (*Qwalasela izinto ekujoliswe kuzo apha ngezantsi.*)

## Abafundi basebenza ngababini

- 1: Utitshala useta iwotshi ukuba kuqaliswe.
  - Umfundi wokuqala ufundela iqabane ngokuvakalayo kwincwadi Yomfundi Yokufunda. Uyawatsiba amagama angawaziyo.
- 2: Utitshala uyayimisa iwotshi emva komzuzu omnye. Umfundi ufaka isangqa kwigama lokugqibela alifundileyo.
- 3: Kuphinde ke oku kufunda nesinye isibini.
- 4: Umfundi ngamnye wengeza aze arekhodishe inani lamagama alifundileyo.
- 5: Umfundi ngamnye kwisibini ufumana ithuba lokufunda umzuzu ube mnye.

## Ukukhangela indlela ofunde ngayo

- Utitshala ufunda uluhlu/itekisi ngokuvakalayo ukuze abafundi bakhangele ukuba bayifunde njani bona.

## Phinda kwakhona

- Wuphinde ke lo msebenzi ukuze umfundi ngamnye afumane ithuba lokuphucula ixesha lakhe lokufunda futhi alungise neempazamo.  
*Qaphela: Ayilokhuphiswano phakathi kwabafundi olu kodwa abafundi bazama ukuphucula ixesha labo lokufunda.*
- Emva kwesifundo, abafundi bangaphinda bafunde neqabane kwakhona okanye ekhaya, ngenjongo zokuziqhelanisa nokufunda ngokutyibilika.

## Imimiselo yeSebe leMfundo esisiSeko yokufunda isiXhosa ngokuvakalayo ngokutyibilika

### Ekupheleni kweBanga loku-1

Bonke abafundi kufuneka bazazi kakuhle **IZANDI ZOONOBUMBA** babo, bafunde ngokuchanekileyo izandi ezingama-40 ubuncinane ngomzuzu.

### Ukwahluka

- Xa kufundwa iNcwadi eNkulu, abafundi abangaboni kakuhle kufuneka bahlale kufutshane kuwe okanye basebenzise iNcwadi Yokufunda Yomfundi yabo.
- Izakhono zokufunda ngokwamanqanaba ahlukeyo ziza kufundiswa kukuFunda ngamaQela Ngongcedo lukaTitshala. Sebenzisa ixesha lokuFunda noTitshala ufunde kwakhona namaqela asasokolayo.
- Amaqela asasokolayo okuFunda ngamaQela Ngongcedo lukaTitshala anokuphinda ayenze imisebenzi yokufunda eqingqelwe ixesha kunye nawe ukuze akwazi ukuziqhelanisa nawo.
- Xa kufundwa ngababini, dibanisa umfundi osokolayo xa efunda kunye nomfundi okwaziyo ukufunda.
- Bakhuthaze abafundi ukuba baziqhelanise nokufunda ekhaya bexhaswa ngamalungu osapho.

Bangaphinda bafunde kwakhona itekisi ebebegifunde kunye notitshala okanye leyo yemisebenzi yokufunda eqingqelwe ixesha. Bachazele abazali okanye abantu abagcina abantwana, oko kufuneka bekwenzile.

### Ukuhlolwa kwezakhono zokufunda

#### *Ukuhlola okungekho sesikweni*

- Ukuqwalasela ngexesha lezifundo zokuFunda noTitshala kuza kubonisa ukuba ngubani ojoyina ukufunda kuba ekulungele oko kuphinde kuveze ukuba ngubani ophulaphulayo endaweni yokufunda. Qinisekisa ukuba abafundi abangajoyiniyo bakwiqela elixhaswayo lokuFunda ngamaQela Ngongcedo lukaTitshala.
- Kufuneka uwuqonde umahluko phakathi kokunkqaya nokufunda. Ukujonga oku, khetha igama okanye isivakalisi esikomnye umxholo uze uthi umfundi makasifunde. Baxhase ngokuFunda ngamaQela Ngongcedo lukaTitshala ngokuthi abafundi mabafunde amagama azimeleyo phambi kokuba bafunde itekisi.

#### *Ukuhlola okusesikweni*

#### **Ukufunda ngokuvakalayo ngokutyibilika**

*Le yenye yezinto ezibonisa ubuchule bokufunda kodwa ke kufuneka yenziwengumfundi ngamnye.*

Kwiveki enye ngekota, ixesha lesifundo sokuFunda ngamaQela NgoNcedo lukaTitshala lisetyenziselwa ukuhlola ukufunda ngokuvakalayo.

#### **Ukufunda ngengqiqo**

*Le yenye yeendlela ezibonisa ubuchule bokufunda ngengqiqo.*

Umzekelo wohlobo lokufunda ngengqiqo unikiwe kwiNcwadi kaTitshala kwikota nganye.

#### **Ukufunda ngamaqela ngongcedo lukatitshala**

#### **Inkqubela-phambili kunye nokwahlula**

La maqela ohluhlwa ngokwezakhono. Amaqela angasukela kwabangakwazi kufunda kwaphela ukuya kwabo bafunda kakuhle kwibanga ngalinye. Eli lithuba likatitshala lokuhlangabezana neemfuno zomfundi ngamnye.

- Abafundi bachazelwa ngomsebenzi wamaqela ngoncedo lukatitshala. Into ekugxilwe kuyo kukwazi ngokuzenzekelayo izandi ezingoononye, ukunakana amagama asetyenziswa rhoqo xa bewabona, ukufunda iitekisi ezilula, nekulula ukuqikelela ukuze ufumane intsingiselo yazo. Baqala ngokufunda igama negama baze baye ekufundeni ibinzana okanye iziqwengana.

### Iindlela zokufundisa

#### 1. Hlola abafundi u:

- Khangela ukuba umfundi ngamnye ulunga ndawoni na kwileli yokufunda.

#### 2. Ukulungiselela ukuqalisa ukufunda

- Beka abafundi kumaqela amahlanu ngokwamanqanaba abakuwo okufunda.
- Nika abafundi amagama ahambelana nemixholo ethile, umzekelo, iintyatyambo okanye izilwanyana.
- Yenza umhlangano neqela ngalinye mhlawumbi kanye (imizuzu engama-30) okanye kabini (imizuzu eli-15 x 2) ngeveki.
- Ngeli xesha kusetyenziswa iTheyibhile yexesha yoHlaziyo, yenza umhlangano omnye wemizuzu engama-30 qho ngosuku ngokusebenzisa ixesha lezifundo zezaKhono zoBomi.
- Ngosuku ngalunye, sebenzisa iNcwadyi Yomfundi Yokufunda okanye Incwadi kaTitshala okucwangcise umsebenzi ozakwenziwa ngabafundi beyiklasi ngeli xesha wena usebenza neqela nganye.
- Ngemini nganye, ucwangcisa into oza kuyenza neqela.
  - Sebenzisa imisebenzi yokufunda ngamaqela ngoncedo luka titshala ngezantsi.

#### 3. UkuFunda ngamaqela ngoncedo lukaTitshala

- Hlalisa iklasi kakuhle umfundi ngamnye enze umsebenzi wokufunda awenza yedwa.
- Biza iqela oza kusebenza nalo ukuba lihlale kufuphi nawe emethini.
- Yahlula ixesha lemisebenzi yezandi okanye yokunakana amagama kunye neyokufunda.
- Kumaqela akwiNqanaba lokuFunda loku-1 nelesi-2, chitha inkoliso yexesha kwizandi nemidlalo yokunakana amagama. Kumaqela akumanqanaba okufunda aphezulu, gxila ekufundeni iitekisi nokubethelela izandi ezisemxholweni.

#### Inqanaba loku- 1 (Ukuva izandi; imiba emalunga nokushicilelweyo)

- Qhwaba ze babale amalungu amagama.
- Biza izandi ezisekuqaleni nasekupheleni kwamagama abawavayo.
- Hambisa umnwe ukusuka ekhohlo ukuya ekunene ephepheni.
- Bonisa ukuba uyintoni umfanekiso ze kube yintoni kona

#### Inqanaba lesi- 2 (Ukunakana oonobumba)

- Biza izandi zabo bonke oonobumba be-alfabhethi.
- Bala baze babize izandi zoonobumba ezikwigama elifutshane.
- Funda amagama athile amafutshane axhaphakileyo.
- Thatha inxaxheba kukuFunda noTitshala.
- Phendula imibuzo emva kokuFunda noTitshala.

#### Inqanaba lesi- 3 (Ukufunda ngokuvakalayo)

- Funda isivakalisi esi-1 ukuya kwezi-3 ngokuvakalayo.
- Nakana amagama athile asetyenziswa rhoqo.
- Chonga izandi zoonobumba baze badibanise izandi kumagama amafutshane.
- Phendula imibuzo emalunga nezivakalisi abazifundileyo.

### **Inqanaba lesi- 4** (Ukufunda ngengqiqo)

- Funda umhlathi okanye iphepha.
- Funda ngokuvalayo okanye ukuzifundela ngokuthe cwaka.
- Funda ngesantya esilungileyo, beqaphela iimpawu zokubhala.
- Funda ngokuzenzekelayo amagama amaninzi asetjenziswa rhoqo.
- Chaza ukuba itekisi ithetha ngantoni.
- Phendula imibuzo ekwinqanaba elisezantsi kunye naleyo ikwinqanaba eliphezulu.

### **Inqanaba Lokufunda lesi 5** (Iitekisi ezinobude)

#### **Abafundi baza kukwazi uku :**

- Funda baze baqonde itekisi ekumaphepha amaninzi.
- Funda ngokuvakalayo okanye ngokuthe cwaka.
- Funda phantse onke amagama asetjenziswa rhoqo ngokuzenzekelayo.
- Funda ngokutyibilika, ukutshintsha inkangeleko yobuso, ze baqaphele neempawu zokubhala.
- Kwazi ukufunda ze baqonde amagama amade abangawaziyo.
- Shwankathela itekisi.
- Phendula imibuzo ekwinqanaba elisezantsi naleyo ikwinqanaba eliphezulu.

## **Ukuhlolwa kokuFunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala**

### ***Ukuhlola okungekho sesikweni***

- ‘Tic-tac-toe’ – Ufaka amagama abonwa qhoro okanye amagama abawafundileyo kulo veki. Uwabhala phantsi kule gridi. Umzekelo.

mna	isikolo	umama
ibhola	yena	ndim
imali	inja	lo

Umfundi kufuneka afunde igama ngalinye. Alichanileyo ufaka isangqa kulo. Umfundi ofunde amagama amaninzi nguye ophumeleleyo. Angaqhwatyelwa ngabanye.

- Ukwakha isigama: Yenza izichazi-magama zemifanekiso elula kunye nemizobo kunye neelebhile. Khuthaza abafundi ukuba bazenzele ngokuzoba nokubhala amagama amatsha.
- Ukubalisa amabali kunye nokulenza kwakhona: Sebenzisa iiNcwadi ezinkulu ukufunda amabali ngokuvakalayo baze abafundi baphinde babalise ngamazwi abo. Oku kunceda ukuqonda kunye nokusetyenziswa kwesigama.
- Isicatshulwa sokufunda ukuqonda: Sebenzisa amanyathelo okufunda akhokelwayo ukuze usebenze kumaqela amancinci ufunde kunye nabo iincwadi ezibafaneleyo ngokwenqanaba abakulo. Buza imibuzo malunga netekisi ukujonga ukuqonda kwabo nokukhuthaza ingxoxo.
- Ukulandelelaniswa kwebali: nika imifanekiso okanye izivakalisi ezivela kwibali ukuze abafundi bazibekelele ngendlela echanekileyo ukomeleza ukuqonda.
- Izakhono zokubhala: Nika iziqalo zezivakalisi ukunceda abafundi baqale ukubhala izivakalisi. Umzekelo, “Ndibona i \_\_\_” okanye “Isilwanyana endisithandayo \_\_\_.”
- Bonisa kwaye uxelele: Yiba namaxesha aqhelekileyo okubonisa nokuxela ukuba kuya kuba nini apho abafundi banokuzisa izinto kwaye bazichaze. Lo mkhuba unceda kwisigama kunye nokubunjwa kwesivakalisi.
- Ukudlala indima :Bandakanya abafundi kwimisebenzi yokudlala indima apho banokuziqhelanisa nokuthetha nokuphulaphula kwiimeko ezahlukeneyo.
- Imidlalo yokupela: Sebenzisa imidlalo efana ne “Hangman” okanye “Spelling Bee” ukwenza ukuziqhelanisa nopelo kube mnandi. Dibanisa namagama abawafundayo ngeli thuba.
- Ukuziqhelanisa nokubunjwa koonobumba: Nika amaphepha okuziqhelanisa ukuze abafundi batreyise/bakhuphele kwaye babhale oonobumba kunye namagama alula ukuphucula izakhono zabo zokubhala ngesandla.
- Imisebenzi yokuphulaphula: Dlala imidlalo yokuphulaphula apho abafundi balandela imiyalelo yomlomo okanye baphulaphule amabali amafutshane kwaye baphendule imibuzo ngabo.
- Imidlalo yomyalelo wenkokeli: Sebenzisa imidlalo ebandakanya ukulandela imiyalelo, njenge “uSimon uthi,” ukuphucula ubuchule bokuphulaphula kunye nokuqonda.
- Imihlangano yokufunda yomntu ngamnye: cwangcisa imihlangano yokufunda yomntu ngamnye ekufundela ukugxila kwimicelimngeni ethile umfundi angaba nayo.
- Amaphepha okusebenzela: Yenza amaphepha okusebenzela ajolise kumntu ngamnye

ngokweengxaki zakhe apho umfundi azakuziqhelanisa ngokongeziweyo.

- Ii-Apps zeMfundo kunye neMidlalo: Sebenzisa ii-apps zemfundo ezifanelekileyo ngokobudala kunye nemidlalo egxile kwizakhono zolwimi lwesiXhosa.

### Ulwandiso lomsebenzi

Umsebenzi wokwandiswa kwesiXhosa uLwimi Lwasekhaya (HL) kunye nesiXhosa uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) kwisiGaba esisiSeko kufuneka ujolise ekwenzeni nzulu ukuqonda kwabafundi kunye nokwandisa izakhono zabo ngelixa begcina imisebenzi ibandakanya kwaye ifanelekile ngokobudala. Nazi ezinye iingcamango zemisebenzi yokwandisa:

- Amagama azalanayo: Yazisa iintsapho zamagama (umzekelo, sala, sula) ze uyalele abafundi ukuba bakhe ze babhale amagama amatsha ngaphakathi kusapho ngalunye.
- Iiphazili zokupela: Yenzaiiphazili zamagama okanye iiphazili zokukhangela amagama ezigxile kwiiipatheni zopelo ezintsonkothileyo okanye isigama.
- Uluhlu lwesigama ngokomxholo: Yazisa isigama somxholo esinxulumene nezihloko ezinomdla (umzekelo, izilwanyana, ukutya, amaxesha onyaka). Bayalele abafundi ukuba basebenzise la magama kwizivakalisi okanye kumabali amafutshane.
- Iijenali zesigama: Khuthaza abafundi ukuba bagcine ijenali yesigama apho babhala amagama amatsha, iintsingiselo zawo, kwaye basisebenzise kwizivakalisi.
- Abalinganiswa kunye nohlalutyo lwesakhiwo sebali/iploti: Emva kokufunda ibali, xoxa ngabalinganiswa abaphambili kunye nesakhiwo sebali, iploti. Cela abafundi ukuba bachaze abalinganiswa, iimpawu zabo kunye nokulandelelana kweziganeko.
- Amabali anemizobo: Hlanganisa ukubhala kunye nokuzoba ngokunika abafundi ithuba lokwenza amabali anemifanekiso. Oku kubanceda ukuba bacwangcise kwaye bayondelelanise iingcinga zabo ngaphambi kokubhala.
- Imisebenzi: Funda amabali amade nantsonkothileyo okanye izicatshulwa ngokuvakalayo. Buza imibuzo efuna iimpendulo ezineenkukacha ngakumbi ukuhlola ukuqonda.
- Ukuyilwa kweencwadi eklasini: Abafundi mabasebenze kunye ukubhala nokubonisa incwadi yeklasi. Umfundi ngamnye unokunikela ngezivakalisi ezimbalwa ezilula, kwaye le ncwadi inokubotshwa kwaye kwabelwane nabanye.
- Uluhlu lweenkqubo/iinkqubo zekhompyutha Sebenzisa ii-apps zemfundo kunye noluhlu lweenkqubo enikezela imidlalo yolwimi oluphuculiweyo kunye nemisebenzi. Ii-apps ezininzi zibonelela ngeendlela zokufunda ezilungela umntu ngamnye ngokusekelwe kwinkqubo yomfundi.

### Ukuhlola okukhawulezayo kwabafundi abaqonda ngokwahlukileyo

Njengoko abafundi beqhubela phambili ngamaBanga R-3, kuyinto eqhelekileyo ukuqaphela uluhlu olubanzi lwezakhono kunye nezitayile zokufunda ngaphakathi eklasini. Ngelixa abafundi abaninzi bephuhlisa izakhono zabo ngamazinga ahlukeneyo, abanye banokubonisa iimpawu zokufunda okanye ukukhubazeka komzimba okunokuchaphazela inkqubo yabo yemfundo. Ukuchongwa kwangethuba kwale micelimgeni kubalulekile, njengoko ungenelelo olufika ngexesha elifanelekileyo lunokunika inkxaso abafundi abayifunayo ukuze baphumelele.

## Indlela yoqhelaniso nokufundisa


Ithiyori yokuguquguquka yindlela yokufundisa (pedagogical) egxile kwindlela abafundi abaqonda ngayo kwaye baqonde ngayo iinkalo ezibalulekileyo zengcamango ngokufumana iindidi zokwakuhluka koko kufundiswayo. Ingcamango engundoqo kukuba abafundi baqonda ingcamango ngokunzulu ngakumbi xa beboniswa imizekelo emininzi kunye nemizekelo engeyiyo eqaqambisa umahluko kunye nokufana ngaphakathi kwesifundo esithile.

Ingcamango esisiseko **yeThiyori yentlobontlobo zokwahluka** kukuba abafundi bafunda ngcono xa bebona umahluko kunye nokufana koko kufundiswayo. Ibonisa ukuba abafundi abanakuyiqonda ngokupheleleyo into ngaphandle kokuba bayibona ngeendlela okanye kwiimeko ezahlukeneyo. Ngokubonisa oko ingcamango ikuko okanye ingekuko, abafundi banokugxila kwizinto ezibalulekileyo ngokwenene.

Ngamazwi alula, ukuze ufunde kakuhle ingcamango, funda ukubona ukuba zeziphi iinguqu kunye noko kuhlala kufana. Oku kubanceda baqaphele iinxalenye ezibalulekileyo zengcamango. Njengootitshala, sinokunceda ngokubonisa imizekelo eyahlukeneyo eqaqambisa oku kwahluka, nto leyo eyenza kube lula ukuba abafundi baqonde ngokunzulu.

Iinkalo eziphambili zethiyori yokwahluka ekufundiseni nasekufundeni ziquka:

- Gxila kwiiMpawu eziBalulekileyo:** Utitshala uchonga iimpawu ezibalulekileyo zengcamango aze abonise iinguqu ezigxininisa ezo mpawu.
- Inguquguquko zeephatheni:** Utitshala usebenzisa iipatheni ezahlukeneyo ukunceda abafundi babone ukuba yintoni eyahlukayo kunye nento ehlala ingaguquguquki. Ezi patheni ziquka:
  - Ukuchasana: Ukubonisa imizekelo ephikisanayo ukuqaqambisa ukungafani.
  - Ukuqukanisa: Ukubonisa iintlobo-ntlobo zento enye ngengcamango ukuqonda ukusetyenziswa kwayo.
  - Ukwahlukanisa: Ukubonisa uphawu ngalunye lodwa ukugxila ekubalulekeni kwalo.
  - Ukudibanisa/ ukuxuba: Ukudibanisa iimpawu ezibalulekileyo ukubona indlela ezisebenzisana ngayo kwingcamango.
- Ukuqonda:** Ngokufumana imizekelo eyahlukeneyo, abafundi banokuqonda ukuba zeziphi iinkalo ezibalulekileyo kwaye baphuhlise ukuqonda okunzulu kwengqiqo.



### Impilo-ntle katitshala

Ukufundisa ngumsebenzi onoxinzelelo oluphezulu kuninzi lwabaqeqeshiweyo. Ayikokuba ngumsebenzi onzima kuphela ofuna into eninzi nemingeni yezixhobo, inokubeka iingozi ezininzi kwilizwe elinamazinga aphezulu olwaphulo-mthetho kunye nobundlobongela. Ngenxa yezi zizathu kunyanzelekile ukuba ube neenkqubo ezikhoyo zokuzinyamekela, ukuphelisa uxinzelelo kunye nokuqonda amava abo kunye neenkxalabo zabo.

#### Ukuqaphela nokucamngca

Thatha imizuzwana mini nganye uphumle ngoqhelanisa ukucinga nzulu. Imithambo yokuphefumla nokuthomalalisa iingcinga zakho zinokukunceda wehlise uxinzelelo. Izibonelelo zokucamngca simahla zikhona kwi-intanethi kwaye zinokwenziwa egumbini lokufundela lakho ngamaxesho ochwangco.

#### Yakha uluntu oluxhasayo

Zibandakanye okanye uyile iqela lootitshala lokuxhasana kunye nokufunda. Amava okwabelana nabanye kunokukunceda ulawule imingeni yokufundisa kwaye kukunike iimbono ezintsha.

#### Indlela entle yokuphila

Zigcine ngokutya ukutya okunempilo, zigcine ngokuzivoca-voca, uze uhlale uliqaphele ilizwi lakho. Izinto zesiqhelo ezilula njengosela amanzi usitya ukutya okunezakha-mzimba, ukuzivocavoca rhoqo kuya kukugcina usemandleni kwaye ukhusele impilo yakho.

#### Impilo ngokwengqondo nangokweemvakalelo

Ukufundisa abantwana abancinane, kunokuxhalabisa ngokwemvakalelo. Kubalulekile ukuba nendawo ekhuselekileyo okanye yokuphuma apho unokuthetha ngoxanduva uze uzame ukuqonda umthwalo ngokwengqondo yendima yakho.

### Ukusebenzisa uyilo kunye noqhelaniselo lwezivamvo

Ukudibanisa imisebenzi yokuyila kwiinkqubo zeklasu zemihla ngemihla kunokubandakanya abafundi kwaye kuphucule imbono yabo malunga nokusingqongileyo kokufunda. Umculo, ngokomzekelo, usetyenziswa kwihlabathi jikelele ukudala imeko entle, ukulawula isimo sengqondo, kunye nokuxhasa uphuhliso lwemfundo. Uphando lubonisa ukuba umculo unceda ukuqonda kwengqondo, ukuthetha nokugcinwa kokufunda. Ukuba usebenzisa umculo, qinisekisa ukuba awubachaphazeli kakubi abafundi abaneengxaki zezivamvo okanye zokuva ngokubabandakanya ekukhetheni umculo ukuze ube ngamava abandakanyayo.

Ukushukuma, ukucula nokukhwaza kunokukhuthaza abafundi kwaye kuncede ekugcinweni ngokuphindaphinda, ukulinganisa, kunye nokusebenza komzimba. Le misebenzi yongeza ubumnandi iintlobo ngeentlobo zokonwaba kwimisebenzi yemihla ngemihla kwaye yenza ukufunda kube mnandi.

## Iindawo ezizezinye kokusingqongileyo

Ukwazisa iindawo ezahlukeneyo okanye ukuguqula ukucwangciswa kwegumbi lokufundela kunokukuvuselela ukufunda. Ngamanye amaxesha ukuqhuba izifundo ngaphandle okanye ukuqwalasela kwakhona indawo yokufundela kunokunceda. Ukuba uhambo olungaphandle kwindawo yekhampasi alunokwenzeka, utshintsho olulula lwegumbi lokufundela, njengokuguqula iindlela zokuhlala okanye ukuboniswa kwezixhobo ezitsha kunokugcina okusingqongileyo kunamandla.

Uhambo, xa lunokwenzeka lunika amathuba okufunda ngamava. Soloko uqinisekisa ukuthotyelwa kwezikhokelo /kwemithetho zesikolo sakho xa uceba uhambo. Ukuba uhambo aluvumelekanga, cela abazali okanye uluntu ukuba lunikele ngezinto ezinxulumene nezihloko ezifundwayo ukwenza ukufunda kubandakanyeke ngakumbi.

## Ulawulo lwamaGumbi lokuFundela

Ukulawula amagumbi okufundela amakhulu, okuqhelekileyo kwizikolo ezininzi, kunokuba ngumngeni. Ukuseka izikhokelo zeklasi zentsebenziswano kunceda ukukhuthaza uluntu lokufunda oluhloniphekileyo, olubandakanya wonke umntu. Ukubandakanya abafundi ekumiseleni ukuziphatha kunye neenjongo zokufunda kukhuthaza ubunini bemithetho kunye nezinto ezilindelekileyo.

### Iindlela ezisebenzayo zolawulo lweklasi ziquka:

- Ukubeka imida: Nika ngokucacileyo imithetho kunye nemida zisuka nje uze uqhubeke uyomeleza.
- Isiqhelo kunye nesakhiwo: Ukugcina iinkqubo ezihambelanayo kunceda ukulawula iiklasi ezinkulu.
- Umsebenzi woontanga: Ukudibanisa okanye ukubeka ngamaqela abafundi kukhuthaza ukufundisa koontanga, ukusebenzisana, kunye nokwabelana ngoxanduva.
- Izixhobo zokuncedisa ezibonakalayo kunye nezivakalayo: Sebenzisa izixhobo zokuncedisa ezibonakalayo (iipowusta, iimpawu zesandla) kunye nemiqondiso evakalayo (umculo, ukuqhwaba) ukomeleza imiyalelo.
- Umyalelo owahlukileyo: Lungelelanisa izifundo ukuhlangabezana neemfuno ezahlukeneyo zokufunda eklasini.

## Ulawulo lweklasi yamaBanga amaninzi

Kwiiklasi zezamabanga amaninzi, apho aamaBanga ahlukeneyo efundiswa kunye, kubalulekile ukuqonda ubuchule bomfundi ngamnye. Qala izifundo ngemisebenzi ebandakanya bonke abafundi uze unike imisebenzi esekelwe kumanqanaba obuchule babo ngabanye. Sebenzisa isibini okanye umsebenzi weqela ukuvumela abafundi ukuba basebenzisane, nokuba bakwimigangatho efanayo okanye ahlukeneyo olwazi nokuqonda. Yohlule ngokwemigangatho imisebenzi indlela yokufunda yomfundi ngamnye bezakhono zonke bahlala bebandakanyekile kwaye banokuba negalelo elinentsingiselo.

### Ukuxhasa Iindlela Ezahlukeneyo Zokufunda

Kuyo nayiphi na iklasi, nokuba inabafundi aba-15, 20, okanye 40 +, kuya kubakho uluhlu lweendlela zokufunda. Ezi ziindlela abafundi abafunxa ngazo, baqhube, baqonde kwaye bakhumbule ulwazi. Ukudala imeko yokufunda ebandakanyayo, kubalulekile ukuchonga nokuxhasa indlela yokufunda yomfundi ngamnye kunye nokulungelelanisa iindlela zakho zokufundisa ukuhlangabezana neemfuno zabo.

Ngokwenkqubo yeVARK, izitayile zokufunda zihlanganiswe kwiindidi ezine eziphambili:

- Ukufunda ngokokubonwayo / kwendawo: Indlela eqhelekileyo. Aba bafundi bayagqwesa xa ulwazi lubekwe ngokubonakalayo, njengemizobo, iitshathi, kunye nokuqwalasela.
- Ukufunda okuvayo: Aba bafundi bafunda baqonda ulwazi kakuhle ngokuva, ukuthetha, nokuphulaphula. Iingxoxo kunye neengcaciso zomlomo zibanceda baqonde iingcamango ezintsha.
- Ukufunda ngokuBhala nokuFunda: Abafundi abakweli candelo baphumelela ngokufunda nokubhala. Baqwesa ekuqhubeni ulwazi olubhaliweyo kwaye banobuchule obuqinileyo bethiyori.
- Ukufunda ngokwenza/I-Kinesthetic / Tactile Learning: Aba bafundi bakhetha ukufunda ngokwenza. Bafumana ulwazi ngokuchukumisa, ukuhamba, kunye namava ezandla, begqwesa kwimisebenzi eyenziwa ngezandla.

### Isicwangciso

#### Umsebenzi

Kufuneka ulungiselele isiCwangciso seveki yonke.

Ukuphawula: IsiCwangciso sokufunda kufuneka siqulathe oku kulandelayo:

- Ibanga
- Umhla
- Isihloko
- Iinjongo
- Izixhobo
- Uhlolo lopelo
- Ulwazi lwangaphambili nohlolo lweklasi
- Ukufundisa isifundo
- Imibuzo nomsebenzi wasekhaya

INKQUBO YOKUFUNDA YAMABANGA R-3							
IZALATHISI	INKQUBO	UKUVAKALISA	IZIXHOBO ZOKUFUNDA	IBANGA R	IBANGA 1	IBANGA 2	IBANGA 3
<b>Ubuninzi bokufunda ekufundisweni</b>	Amaxesha okufunda kokwabelana kwemihla ngemihla nokufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ithamthejibhuli yeklasi</li> <li>Ujilo lwesifundo</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>I-CAPS yolwimi lwasekhaya</li> <li>IiNcwadi zokusebenzela ze-DBE</li> <li>Iincwadi ezinkulu</li> <li>Iincwadi ezihleliwe ngokwemigangatho</li> </ul>	Ubuncinane imizuzu engama-30 rhoqo ngeentsuku	Ubuncinane imizuzu engama-45 imini nganye.	Ubuncinane imizuzu engama-45 imini nganye	Ubuncinane imizuzu engama-45 imini nganye
<b>Ujilo/ isicwangciso lwesifundo</b>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Imisebenzi ecwangcisiweyo</li> <li>Ukufunda ngokwabelana</li> <li>Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala</li> <li>Ukufunda ngokuvakalayo</li> <li>Ukufunda ngababini nayedwa</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Imisebenzi yokufunda efanekileyo yokufundisa okufundisekayo kwibanga.</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>I-CAPS yolwimi lwasekhaya</li> <li>IiNcwadi zokusebenzela ze-DBE</li> <li>Iincwadi ezinkulu</li> <li>Iincwadi ezihleliwe ngokwemigangatho</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukufunda ngokwabelana kabini ngeveki</li> <li>Ukubalisa ibali ubuncinane amaxesha ama-3 ngeveki</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Amaxesha ejimizuzu emi-5 x 15 yokufunda ngokwabelana ngeveki.</li> <li>Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala (30 imizuzu ngemini x 2 amaqela) ngeveki</li> <li>Ukubalisa ibali ubuncinane kabini ngeveki</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Amaxesha ejimizuzu emi-5 x 15 yokufunda ngokwabelana ngeveki.</li> <li>Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala (30 imizuzu ngemini x 2 amaqela) ngeveki</li> <li>Ukubalisa ibali ubuncinane kabini ngeveki</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Amaxesha ejimizuzu emi-5 x 15 yokufunda ngokwabelana ngeveki.</li> <li>Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala (30 imizuzu ngemini x 2 amaqela) ngeveki</li> <li>Ukubalisa ibali ubuncinane kabini ngeveki</li> </ul>

Xa ufundisa uvavanyo lokuqonda qaphela ukuba uyazisebenzisa ezi zakhono zilandelayo xa ubuza imibuzo.

Isakhono 1: Ulwazi lwanqaphambili

Isakhono 2: Ukuqikelela

Isakhono 3: Intelekelelo

Isakhono 4: Ukuthelekelela

Isakhono 5: Ukuchonga iziqalo ezingundoqo kwibali

Isakhono 6: Ukongamela uvavanyo lokuqonda nobuchule bokukhetha

# Icandelo B: Izicwangciso zeekota

## IKOTA 1

### Isicwangciso sekota 1

Isakhono	Iveki	Umxholo	Izixhobo
<b>Ukuphulaphula nokuthetha</b>	Iveki 1	<p>Ukwamkelwa nokwaziswa kwabafundi nokuhlola okusiseko</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphulaphula ngenyameko engaphazamisi.</li> <li>Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba, ukuchaza imo yezulu, neminye imiba njalo-njalo.</li> <li>Ukucula, esenza izilinganiso.</li> <li>Ukuphulaphula imiyalelo emifutshane, oku kwenziwa eklasini rhoqo, aze aphendule ngokufanelekileyo.</li> </ul>	
		<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuphulaphula ngolonwabo amabali amafutshane, abaliswa ngutitshala naweva kwiCD, njalo-njalo, izicengcelezo, imibongo, neengoma, aze alinganise iindawo ezithile ebalini okanye kwingoma.</li> <li>Ukuphendula imibuzo, umz. imibuzo engeenkukacha zakhe njalo-njalo.</li> </ul>	Ingqokelela yeetekisi Ibanga 1
	6-10	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukulandelelanisa imifanekiso yebali, etolika intsingiselo ngokulandelelanisa izimvo.</li> <li>Ukuthetha ngemifanekiso ekwiipowusta, iitshathi zeshloko neencwadi njalo-njalo.</li> <li>Ukuphendula imibuzo ngamava akhe esebenzisa igama elinye: 'haji' okanye 'ewe'.</li> <li>Ukuthatha inxaxheba kwiingxoxo benikana amathuba okuthetha, behloniphana eqeleni.</li> <li>Ukuchaza izinto ngokombala, ubukhulu, imo (imvakalelo) nobungakanani, esebenzisa isigama esisiso.</li> </ul>	Ipowusta netshati Imifanekiso
<b>UKUFUNDA NEZANDI</b>			
<b>Izandi</b>	1-10	Ukuqonda izikhamiso: <b>a, e, i, o, u</b> ngokufanelekileyo	Itshati yezandi Oonotsheluzi Ikhadi elinamalungu egama
		Ukuqonda ngezandi b, c, l, m, s	
		Ukuqalisa ukwakha amagama amafutshane esebenzisa izandi azifundileyo, umz. s-u-l-a (sula);	
		Ukupela nokubizela amagama (ononye)	
<p><b>Ekupheleni kwekota 1</b>            Umfundi kufuneka azi zonke izandi zokuqala ezingoononye noonombini nabangaqhelekanga noonontathu.  <b>Kufuneka ujonge uze uqinisekise ukuba bafunda ngokutyibilika.</b></p>			

Isakhono	Iveki	Umxholo	Izixhobo
<p><b>Ukufunda notitshala</b>            Izifundo zeklasi yonke kabini nakathathu ngeveki imizuzu eli-15, usebenzisa itekisi enye ubuncinane ngeveki; utitshala abonise indlela efanelekileyo yokufunda.            Ngethuba ngalinye kugxininiswe koku: izakhono ngokushicilelweyo, iimpawu zetekisi, izandi, iipateni zolwimi, ubuchule bokuchonga amagama nezicatshulwa kumanqanaba ahlukeneyo; kusetyenziswa imibuzo elula, efuna uqikelelo, isizathu neembono zomfundi.</p>	1-10	<ul style="list-style-type: none"> <li>Ukufunda beyiklasi notitshala iitekisi ezimagama makhulu ezinjengezi: izibongo okanye imihobe, iipowusta, iincwadi ezinkulu neencwadi zamabali ezenziwe yiklasi ngexesha lokubhala notitshala</li> </ul>	IiNcwadi eziNkulu iiPowusta
<p><b>Ekupheleni Kwekota:</b>            Umfundi kufuneka azi <b>oomabonwa rhoqo abangama-20</b> ubuncinane.            Upelo ukususela kwiKota yesi-2 ukuya phambili ubuncinane amagama <b>ama-5-10</b>.            Umfundi kufuneka abe nakho ukufunda ubuncinane bamagama ali-<b>10 ngomzuzu</b>.            Umfundi ulindeleke ukuba afunde <b>iincwadi ezi-5 zamabali-mifanekiso</b>.</p>			
Izakhono zovavanyo lokuqonda zokukhumbula nezingokoqobo.			

Isakhono	Iveki	Umxholo	Izixhobo
<b>UKUFUNDA</b>			
<p><b>Ukufunda Ngamaqela ngoncedo lukatitshala notitshala</b> (amaqela amabini ngosuku), kufundwe incwadi enkulu kabini nakathathu ngeveki.</p> <p><b>Isakhono sokufunda kwabaqalayo</b> (zifundiswe ngoncedo lukatitshala, kufundwe kunye naye)</p>	1-10	<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukubamba incwadi nokuyityhila ngendlela efanelekileyo.</li> <li>• Ukuqikelela kuqweqwe lwencwadi ukuba ibali lingantoni na, aze afunde iincwadi nemifanekiso ezinezihloko ezilula.</li> <li>• Ukusebenzisa imifanekiso ukutolika intsingiselo yebali, umz. afunde iincwadi zemifanekiso</li> <li>• Ukutolika imifanekiso ukwenza elakhe ibali; 'afunde' imifanekiso.</li> <li>• Ukuqokelela nokufunda izintlu ezilula (logos) neegraru ezifunyanwa kokushicilelweyo.</li> <li>• Ukuqonda igama lakhe, namagama abalingane bakhe abali10 ubuncinane.</li> <li>• Ukufunda iilebheli nezihloko eklasini.</li> <li>• Ukuxoxa ngendlela eyiyo yokubamba nokunonophela incwadi.</li> <li>• Ukuphulaphula, enze ingxoxo ngamabali nezinye iitekisi ezifundwe ngokuvakalayo.</li> <li>• Ukuphuhlisa izakhono zokuqala zokushicilelweyo, kubandakanya:</li> <li>• Ukufunda ngencwadi: uqweqwe, umphambili, umva, izihloko.</li> <li>• Ukufunda ngetekisi: igama, amagama afanayo, unobumba amagama oonobumba;.</li> <li>• Ingqiqo eqalayo yokwalathisa: ukusuka ekhohlo ukuya ekunene, ukufunda ukususela phezulu ukuya ezantsi, ekuqaleni, ekugqibeleni, phakathi, indawo unobumba okanye igama elikuyo ephepheni.</li> <li>• Ukusebenzisa iziphumlisi: oonobumba abakhulu, abancinane, isingxi, ikoma, uphawu lombuzo.</li> </ul>	Incwadi Yokufunda okanye Incwadi Yokufunda ehlelwe ngamanqanaba
<p><b>Ingebisiso</b>            Ukufunda ngokutyibilika bubuchule bokufunda ngesantya esifanelekileyo, ngokuchaneka nembonakalo. Abantwana nabantu jikelele kufuneka babe nakho ukufunda ngobuciko ukuze baqonde oko bakufundayo. Oku kusebenza kukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka.</p>			

Isakhono	Iveki	Umxholo	Izixhobo
<b>UKUBHALA</b> (Kubandakanya ulwakhiwo nokusetyenziswa kolwimi)	1-10		Oonotsheluzo Amakhadi anamalungu egama
<b>Ukubhala ngesandla:</b>  <b>Izifundo zokubhala ngokusesikweni kane (4) ngeveki imizuzu eli-15. Imisebenzi yokuqinisa izihlunu zezandla, ezomzimba, nonxibelelwano lwamehlo nesandla.</b>	1-10	Ukuzoba ngekhrayoni (wax crayon). <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukubumba izandi nezinye izinto esebenzisa umdongwe (othengwayo) neplastisini.</li> <li>• Ukuqhelisa ukubamba nokusebenzisa ikhrayoni nepensile.</li> <li>• Ukukhulisa ingqiqo eqalayo yokwalathisa, umz. usuka ekhohlo ukuya ekunene, phezulu ukuya ezantsi, ukuzoba imigca engqalileyo, ukudibanisa amachaphaza.</li> <li>• Ukuphuhlisa unxibelelwano lwamehlo nesandla, umz. ngokupeyinta, ukukrazula iphepha, ukusika nemisebenzi yokuthreyisa.</li> <li>• Ukuzoba iipateni, umz. imizobo ehla inyuka, eya macalana onke, eyenza isangqa.</li> <li>• Ukuthreyisa, akhuphele aze abhale igama lakhe kwimeko-bume, ebonisa indawo ekuqalwa kuyo xa libhalwa, nesalathiso sokubhala esisiso soonobumba abakhethiweyo.</li> </ul>	Itshathi yokubhala ngesandla
<b>Ukuphuhlisa ukwakha oonobumba ngexesha lezifundo zobhalo ngesandla olusesikweni. Fundisa oonobumba abancinane ngexesha lenkqubo yezandi. Ubonise indlela eyiyo yokwakhiwa koonobumba nengqiqo eyiyo yokwalathisa. Abantwana bafunda ukubhala oonobumba ababini (2) ngeveki bekhuphela kokubhalwe kuxwebhu lokubhala.</b>		<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukwakha oonobumba abancinane ngendlela eyiyo, umz. l, o, h, m, a, b, t, c.</li> <li>• Ukukhuphela, abhale igama lakhe, amagama amafutshane nezivakalisi ezikwiilebheli, iipowusta, ibhodi njalo-njalo.</li> <li>• Ukuqalisa ukubonisa okubhaliweyo ngokwemizobo, oonobumba, amanani, amagama nezivakalisi ezilula.</li> </ul>	Itshathi yokubhala ngesandla

## Ikota yoku-1

Isakhono	Iveki	Umxholo	Izixhobo
<p><b>Utitshala uqwalasela ukuba abantwana bayibamba ngendlela eyiyo ipensile. Abantwana basebenzisa amaphepha angenamigca xa babhalayo (A4 jotters). Ukulungelelanisa isicwangciso sokufundisa oonobumba abancinci nenkqubo yokufundisa izandi. Xa iimeko zivuma, kuyimfuneko ukuba abantwana bathreyise, bakhuphele oonobumba bealfabhethi bonke kwasekuqaleni konyaka, bekhuphela apho baboniswayo indawo yokuqala ukumbhala unobumba ngamnye, nengqiqo yokwalathisa eyiyo.</b></p>			
<p><b>Ukubhala notitshala, ngamaqela nayedwa:</b> Kubhala iklasi yonke / iqelana /umfundi yedwa kathathu ngeveki imizuzu eli-15, kuphuhliswa ulwazi olufunyenwe kufundo notitshala, kwiingxoxo nakumava akhe:</p>		<ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuzoba imifanekiso ukugqithisa imiyalezo, umz. ngamava akhe.</li> <li>• Ukubhala isihloko kumzobo okanye umfanekiso.</li> <li>• Ukubhala amagama esebenzisa izandi ezifundiweyo.</li> <li>• Ukukhuphela isivakalisi esibhalwe ebhodini okanye kwitshathi ngokufanelekileyo.</li> <li>• Ukuthabatha inxaxheba ekubhaleni ibali leklasi, elirekhodwa ngutitshala kwitshathi ukwandisa iitekisi zokufunda kwikona yoko eklasini.</li> </ul>	<p>Itshati yokubhala ngesandla Oonotsheluzo Amakhadi anamalungu egama</p>

## Isicwangciso seveki

- Inkqubo yokufunda ilandela indlela eqhelekileyo efanayo veki nganye.
  - Oku kwenza kube lula ukuba ootitshala nabafundi bayilandele.
  - Abafundi banokulungiselela umsebenzi olandelayo xa sele beyazi indlela yenkqubo.
- Isicwangciso seveki sisekelwe kwelona xesha lininzi kuLwimi lwaseKhaya kwi-CAPS eliziyure ezi-3 ngeveki.

Mvulo		LwesiBini		LwesiThathu		LweSine		LwesiHlanu	
Ukuphulaphula nokuthetha	15	Ukuphulaphula nokuthetha	15			Ukuphulaphula nokuthetha	15	Ukuphulaphula nokuthetha	
Izandi	15	Izandi	15	Izandi	15	Izandi	15	Izandi	15
Ukufunda notitshala	15	Ukufunda notitshala		Ukufunda notitshala	15	Ukufunda notitshala		Ukufunda notitshala	15
Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala	30	Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala	30	Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala	30	Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala	30	Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatitshala	30
		Ukubhala ngesandla	15	Ukubhala ngesandla	15	Ukubhala ngesandla	15	Ukubhala ngesandla	15
		Ukubhala	20	Ukubhala	20	Ukubhala	20		
<b>Kukonke: Iiyure ezi-8 ngeveki</b>									

## Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeveki kulwimi nezinye izifundo

- Ukuphulaphula ngenyameko engaphazamisi.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba, ukuchaza imo yezulu, neminye imiba njalo-njalo.
- Ukucula, esenza izilinganiso.

Imibuliso	<ol style="list-style-type: none"> <li>Utitshala ubulisa iklasi.               <ol style="list-style-type: none"> <li>Utitshala: Molweni bafundi.</li> <li>Abafundi: Molo titshala.</li> </ol> </li> <li>Yalela abafundi ukuba bajike baze babulisane bathi:               <ol style="list-style-type: none"> <li>Molo</li> <li>Molo</li> </ol> </li> </ol>
Umbuzo wosuku	<p>Namhlanje, kuya kufuneka unike amaqela UMBUZO WOSUKU. AMAQELA.</p> <ol style="list-style-type: none"> <li>Uya kufuna amaqela ama-5.</li> <li>Iqela ngalinye liya kuphendula umbuzo wosuku KANYE ngeveki.</li> </ol>
Iingoma nezicengelezo	<p>Amagama, amagama awafani.</p> <p>Ukuba ndikhomba kuwe xela igama lakho.</p> <p>(Khomba kumfundi, umfundi athi: Igama lam ngu__.</p>

# Iveki 1: Umxholo: Mna

- Fundisa abafundi indlela eqhelekileyo yokwenza izinto nenkqubo ezakulandelwa: Bazakwenza ntoni xa befika esikolweni.
- Ukuya kwindlu yangasese nokuhlamba izandla
- Kwenziwa ntoni ngexesha lesidlo/ intlazane
- Kwenziwa ntoni xa kuphume isikolo

**Ingoma:** Cula ingoma eyaziwayo ukwenza abafundi bazole kwaye bazive bethuthuzelekile

**Isigama:** Fundisa abafundi igama lakho, namagama ezinye indawo kwalapha esikolweni, umzekelo: ebaleni, eofisini, esangweni.

**Guquka kwaye uthethe:** Xelela abafundi baguquke baxebele amaqabane wabo amagama abo, iminyaka yabo kwaye baziva njani. Cela abafundi abambalwa bachazele iklasi amagama wabo nendlela abaziva ngayo.

## Imisebenzi yemihla ngemihla/ yeveki kulwimi nezinye izifundo

- Ukuphulaphula ngenyameko engaphazamisi.
- Ukuthetha ngamava akhe, umz. ukubalisa iindaba, ukuchaza imo yezulu, neminye imiba njalonnjalo.
- Ukucula, esenza izilinganiso.

## IZICWANGCISO ZEEKOTA

### IKOTA 1

Isakhono	Isicwangciso sokufundisa	Izixhobo
<b>Ukuphulaphula nokuthetha (15mizuzu iintsuku ezi-4 evekini)</b>	<b>Fundisa abafundi indlela eqhelekileyo yokwenza izinto nenkqubo eza kulandelwa.</b> Baza kwenza ntoni xa befika esikolweni? <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuya kwindlu yangasese nokuhlamba izandla.</li> <li>• Kwenziwa ntoni ngexesha lesidlo/intlazane?</li> <li>• Kwenziwa ntoni xa kuphuma isikolo?</li> </ul> <b>Umsebenzi 1</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Abafundi baphulaphula ngenyameko bengaphazamisi.</li> <li>• Baphulaphula imiyalelo emifutshane baze baphendule ngokufanelekileyo. Imizekelo: Baxebele igama lakho uze ubuze awabo.</li> <li>• Ubaxelela imithetho nendlela yokwenza izinto ngamaxesha onke, umz. Ukuya endlwini yangasese, okwenziwa ngamaxesha okutya.</li> </ul>	Ingqokelela yeetekisi

Isakhono	Isicwangciso sokufundisa	Izixhobo
	<p><b>Umsebenzi 2</b>  <b>Ingoma</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Cula ingoma eyaziwayo ukwenza abafundi bazole bazive bethuthuzelekile.</li> </ul> <p><b>Ingoma:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Mntakwethu, mntakwethu!</li> <li>• Ulele na? Ulele na?</li> <li>• Kubetha intsimbi, Kubetha intsimbi!</li> <li>• Khelekenkce, khelekenkce.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 3</b>  <b>Isigama namagama</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Abafundi mabazi igama likatitshala wabo.</li> <li>• Mabazi amagama abo nawoogxa babo.</li> <li>• Mabazazi izixhobo ezisegumbini lokufundela.</li> <li>• Mabazi ngesikolo sabo ngokubanzi.</li> <li>• Isigama: ebaleni, e-ofisini, esangweni namanye amagumbi asetiyenziswa esikolweni.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 4</b>  <b>Nika abafundi ithuba lokuzazisa kumaqabane abo.</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Xelela abafundi bazazise bexelela amaqabane abo amagama abo, iminyaka yabo, kwaye baziva njani.</li> </ul>	
<p><b>Izandi</b></p>	<p><b>Umsebenzi 1</b>  Fundisa udlale nemidlalo yamagama:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Utitshala uthi: ukuba igama lakho liqala ngo –a phakamisa isandla sakho.</li> <li>• Utitshala makakhombe umntwana ngamnye ophakamise isandla sakhe azitsho igama lakhe, umz aphiwe (Aphiwe)</li> <li>• Makalibize alibhale emoyeni egxininisa kwisikhamiso, a.</li> <li>• Makabhale isikhamiso esisekuqaleni kwegama lomfundi emoyeni</li> <li>• Usenokubabuza amagama abo nabo bebengaphakamisanga.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 2</b>  <b>Ukuqonda izikhamiso</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Buza bonke abanamagama aqala ngo-A</li> <li>• Ungababuza namanye amagama aqala ngezikhamiso a-: iapile</li> <li>• Gqibezela oonobumba abancinci abasi 8-9 ngosuku ukuze wonke umntu afumene ithuba lokuwudlala lo mdlalo kwesi sithuba seveki.</li> </ul>	<p>Oonotsheluzo  Incwadi ehlelwe  ngamanqanaba</p>

Isakhono	Isicwangciso sokufundisa	Izixhobo
<p><b>Ukufunda notitshala</b></p>	<p><b>Iindlela zokufundisa</b>                      Ukufunda kunye notitshala (imizuzu eli-15) kabini nakathathu ngemini. UkuFunda noTitshala kusebenza indlela ethile yokufunda okuphindaphindwayo.                      Eyona nto kugxilwa kuyo ayikokunkqaya loo nto ifundwayo, koko kukufunda ngengqiqo ngokutyibilika.                      Imini nganye iza kugxila kumba owahlukileyo wokufunda.                      Landela la manyathelo.</p> <ol style="list-style-type: none"> <li>1. Ukulungiselela isifundo.</li> <li>2. Ukuqhelanisa abafundi (umzuzu om-1-2).</li> <li>3. Gxila kakhulu ekufundeni ngengqiqo (imizuzu eli-15).</li> <li>4. Gxila ekunxulumaniseni izandi noonobumba nesigama (imizuzu eli-15).</li> <li>5. Gxilani ekufundeni ngokutyibilika nasekuphenduleni imibuzo (imizuzu eli-15).</li> </ol> <p>Qaphela: Ukuba lisekhona ixesha, nika abafundi ithuba lokufunda ngababini indawana ethile kwitekisi.</p> <p><b>Umsebenzi 1</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukutolika imifanekiso ukwenza elakhe ibali, afunde imifanekiso.</li> <li>• Kufundwa kwincwadi enkulu kabini nakathathu ngeveki.</li> <li>• Buza imibuzo yaphambi kokufunda ukutsala umdla wabafundi.</li> <li>• Hlaziya Umsebenzi owenziweyo ngaphambili.</li> <li>• Buza imibuzo ngesihloko nemifanekiso baze baqikelele okuza kuthethwa ngako.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 2</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Bafundele ngokutyibilikayo unika ingqalelo kwiziphumlisi nesantya sokufunda.</li> <li>• Bafunda kunye notitshala belandela indlela ofunda ngayo.</li> <li>• Buza imibuzo ngelixa uqhubeka nesifundo ukuze uqinisekise ukuba bayasilandela Umsebenzi.</li> <li>• Chaza amagama anokubanzimela.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 3</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Banike ithuba beveza izimvo zabo ngabakufundileyo.</li> <li>• Buza imibuzo yokuqumbela Umsebenzi sakho.</li> <li>• Baxelela ngendlela zokuthetha neklasi.</li> <li>• Baza kuzixela ukuba bangoobani. Ngokuvakalayo, abafundi bephulaphule. Cacisa indawana ezinokuba azicacanga.</li> </ul>	<p>Incwadi enkulu</p>

Isakhono	Isicwangciso sokufundisa	Izixhobo
<p><b>Ukufunda ngamaqela ngoncedo lukatishala</b></p>	<p><b>Landela oku</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Biza iqela oza kusebenza nalo ukuba lihlale kufuphi nawe emethini.</li> <li>• Yahlula ixesha lemisebenzi <b>yezandi okanye yokunakana amagama kunye neyokufunda.</b></li> <li>• Kumaqela akwiNqanaba lokuFunda loku-1 nelesi-2, chitha inkoliso yexesha kwizandi nemidlalo yokunakana amagama. Kumaqela akumanqanaba okufunda aphezulu, gxila ekufundeni iitekisi nokubethelela izandi ezisemxholweni. Landela la manqanaba. <ul style="list-style-type: none"> <li>– Ukuva izandi; imiba emalunga nokushicilelweyo)</li> <li>– Ukunakana oonobumba</li> <li>– Ukufunda ngokuvakalayo</li> <li>– Ukufunda ngengqiqo</li> <li>– Iitekisi ezinobude</li> <li>– Iinkcukacha ezipheleleyo zikwintshayelo kule ncwadi.</li> </ul> </li> </ul> <p><b>Umsebenzi 1</b>  <b>Qhelisa abafundi kwinkqubo yokufunda ngamaqela</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Bohlukanise babengamaqela ngokokuqonda kwabo Inkokheli zamaqela zitshintshiswana.</li> <li>• Banike umyalelo wokuza kwenziwa kwinqela ngalinye.</li> <li>• Bafunda imifanekiso bexoxa ngokwenzeka emfanekisweni.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 2</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Phulaphula amaqela efunda ukuze unike inkxaso xa kuyimfuneko.</li> </ul> <p><b>Kufuneka ujonge uze uqinisekise ukuba bafunda ngokutyibilika.</b></p> <p><b>Umsebenzi 3</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Buza imibuzo yasemva kokufunda.</li> <li>• Bafunda nezikhamiso ezifundiswayo bezinxulumanisa nemifanekiso</li> </ul>	<p>INcwadi yokufunda ehlelwe ngamanqanaba Okumalunga nam. Incwadi Yokufunda</p>
<p><b>Ukufunda ngababini/yedwa</b></p>	<p><b>Umsebenzi 1</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Abafundi bafunda ngababini bexoxa ngomfanekiso besabelana bekhomba igama ngalinye.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 2</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Nika amathuba okuziqhelisa ukufunda nokubakhuthaza bafundele ukuzonwabisa.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 3</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Bazifundela iincwadi ngokwabo bephuhlisa ukufunda ngotyibiliko.</li> <li>• Benza imidlalo yezikhamiso bezincamathisela kumagama asemfanekisweni.</li> <li>• Ekugqibeleni bafundela utitshala ngabanye ngabanye.</li> </ul> <p><b>Indlela yokuqhutywa kwesifundo:</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Banike incwadi yamabali ukuze ingulowo afumane ithuba lokufunda.</li> <li>• Ngexesha lokufunda-mabafunde ukuze ujonge indlela efanelekileyo yokubizwa kwamagama, nokuhlonipha iimpawu zokubhala.</li> </ul>	<p>Incwadi Yokufunda ehlelwe ngamanqanaba</p>

Isakhono	Isicwangciso sokufundisa	Izixhobo
<p><b>Ukubhala nokubhala ngesandla</b></p>	<p><b>Umsebenzi 1</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Fundisa amacala ekhohlo ekunene, phezu, phantsi</li> <li>Bhala usuka ekhohlo ukuya ekunene.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 2</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Ukuzoba ngekhayoni.</li> <li>Umfundi unikwa umfanekiso aze afakele imibala.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 3</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Khuphela isandla sakho ephepheni ulandela iminwe yakho.</li> <li>Qhubeka ukhuphela(treyisa) iipatheni ukuqhelisa imithambo -luvo yesandla</li> <li>ubonisa indlela eyiyo yokubhala ukuze abantwana baqonde indlela oonobumba namagama</li> </ul>	<p>Iphepha Lomsebenzi. itshali yokubhala ngesandla, onootsheluzo Ungasebenzisa nencwadi zemisebenzi ze-DBE ukwandisa lo msebenzi.</p>
<p><b>Ukubhala</b></p>	<p><b>Umsebenzi 1</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Yenzela umfundi ngamnye itafile yoonobumba aze afake isangqa kunobumba ongowokuqala egameni lakhe.</li> </ul> <p><b>Umsebenzi 2</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Makabhale lo nobumba kwindawo elungiselelwe oko. <b>a, e, i, o, u.</b></li> </ul> <p><b>Umsebenzi 3</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>Babhalele amagama abo ukuze baziqhelanise nokuwabhala.</li> </ul>	<p>Ipowusta yeziqhamo</p>

### Ingcebiso

Ukufunda ngokutyibilika bubuchule bokufunda ngesantya esifanelekileyo, ngokuchaneka nembonakalo. Abantwana nabantu jikelele kufuneka babe nakho ukufunda ngobuciko ukuze baqonde oko bakufundayo. Oku kusebenza kukufunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka.

## UMSEBENZI WOMFUNDI

### Umsebenzi 1: Ukuphulaphula nokuthetha

1. Ungubani igama lakho?
2. Uhlala nabani?
3. Mingaphi iminyaka yakho?

**Iimpendulo ezilindelekileyo:**

1. Nayiphina impendulo ilindelekile.
2. Nayiphina impendulo ilindelekile.
3. Iminyaka yam isibhozo (nayiphina impendulo ilindelekile).

